

Indawo kaThixo Enyuliweyo Yokunqula



Masime njalo okomzuzwana njengokuba sithoba iintloko zethu emthandazweni. Ngoku ke, iintloko zethu zithotywiwe, kwaye ndiyathemba neentliziyo zethu zithotywiwe, nazo, ingaba bangaphi apha ngokuhlwanje abayakuthanda ukukhunjulwa emthandazweni, kwinto ethile yesikhawu? Ungasiphakamisa nje isandla sakho, uti, “Thixo, ndiphe ngokuhlwanje oko ndikuzungulayo.” INkosi ikusikelele.

² Bawo wethu waseZulwini, njengokuba sisondele kwiTrone enkulu yobabalo ngokuthobeka, ngokholo, siyemka siyokungena kwiNgaphesheya; apho uThixo, neeNgelosi, neeKherubhi, nawo wonke umkhosi waseMazulwini uhlanganisene khona. Kuba Wathi akunakubakho nongqatyana lo uwa emhlabeni uBawo waseZulwini engazi. Kuyakubekaphi ke ukwazi kwaKhe apha xa amakhulu abantu ethobe iintloko zawo, ebiza kuWe ngenxa yezicelo ezikhethekileyo. Bawo, khangela phantsi kwihlabathi eliswelweyo ngokuhlwanje, kuba singabantu abaneentswelo.

³ Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba ngenxa yokuba sihlanganisene apha sibonakalisa kuWe ukholo lwethu kuThixo ophilileyo Lowo uwuphendulayo umthandazo; siphumile phakathi kwehlabathi elingalukanga, intliziyo kwaneendlebe, siphumile ukuze siphile ubomi bokuzahlula, nokuze siphile saye siluvuma ukholo lwethu kuWe. Ngokuhlwanje ke siziphakamisile izandla zethu, ekuthini, “Siswele.” Thixo Othandekayo, phendula izicelo zabo ngazinye.

⁴ Ukuze ke, Bawo, sithandaze ukuba Usindwendwele ngokuhlwanje eLizwini. Size apha ukuza kulungiswa, ukuza kuqonda, ukuze sibe nako ukwazi ukuba sinokuphila kanjani na kulo mhla sikuwo; yintoni esinokuyilindela, yintoni esinokuyenza. Kuba, siyazi ukuba uKuza kweNkosi kuyasondele, ngokwayo yonke imiqondiso abathi abaprofethi bayixela kwangaphambili. Sisondele kwixesha, Nkosi, apho ukuhlangukwa okupheleleyo kuyakunikezelwa kubantwana baKho. Thixo, masithi, sonke ngabanye, sibelapho, Bawo. Kwanga akunabakho namnye ophosakalayo. Sisizathu sethu sokubalapha eso, Nkosi. SiyaKuthanda, kwaye sizama ukulungiselela loo yure.

⁵ Thetha nathi, siyacela kwakhona, ngokuhlwanje. Uphilise nabagulayo. Bonke abagulayo nababandezelekileyo abakwesisakhiwo, siyathandaza ukuba Ubaphilise, Nkosi; nangakumbi abo baneentswelo zasemoyeni. Sithandazela

ukuba Usindise wonke umphefumlo olahlekileyo. Zalisa lonke ikholwa ngoMoya oyiNgcwele. Uze uhlaziye aMandla negunya kubantwana baKho abakholwayo. Siphe ezi zinto, Bawo. Sicela okuninzi, ngenxa yokuba Wasixelela ukuba sicele, “celani ngokukhulu, celani izinto ezinkulu, zibeninzi,” ukuze uvuyo lwethu lube nokwenziwa luzaliseke. Kwaye sicela ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁶ Ndilithabatha njengelungelo elibalulekileyo ngenene ngokuhlwanje eli, lokuba lapha kwakhona eqongeni, kwesi sikolo siphakamileyo, ndijongane naba bantu balungileyo bahlanganiselene ukuva iVangeli. Ndicela inceba kaThixo ukuba indincede ukuze ndinixelele iNyaniso kangangoko ndiyaziyo iNyaniso. Usenakho ukuwuvala umlomo womntu, njengokuba Wayenako ukuvala umlomo wengonyama. Kwaye ukuba ndingazama ukuthetha nantoni na echaseneyo nentando yaKhe, umthandazo wam onyanisekileyo kukuba Awuvale umlomo wam, ukuze ndingayithethi. Kuba, ngenene, ndifuna ukuba seZulwini, oku kwam; kwaye andinakuba lapho, kwaye ngaphandle koko, ndiyakuba ndiyinkokeli yobuxoki, umntu owenze into ethile ngobuxoki. Ukuba ndenze oko, kungenxa yokuba ndingawazi umahluko. Inkosi inisikelele.

⁷ Ngoku, kusasa ngomso, ukuba ibe yintando kaThixo, ndizakuthetha laa ngongoma, yo*Mtshato NoQhawulo-mtshato*. Kwaye siyathemba ukuba niyakuza, niphethe iintsiba zenu namaphepha. Asizi kuthabatha xesha lide, kodwa ndingathanda nje...Yayiyinjongo yam yokubuyela apha, kuqala leyo, e-Indiana, endandinithembise yona. Kwaye ndiyakuzama, kusasa ngomso. Ukuba andiyifumananga kusasa ngomso, kuyakuba ngomso ngokuhlwa. Kodwa ke ndizakuzama kusasa ngomso, ukuba iNkosi ithandile, ukuthetha ngaloo ngongoma, ngendlela ezimbini zeengcinga. Kwanga ke uThixo angasinceda ukuze sazi ukuba yintoni na iNyaniso, ukwazi nje ukuba yintoni na iNyaniso, ukuze sibe nokuhamba eNyanisweni nasekuKhanyeni. Thina...

⁸ Uyazi, sasikade sinomzalwana omdala ontsundu. Wathi kum, wathi, “Mzalwana uBilly,” wathi, “A—andifuni kuba nankathazo konke emlanjeni.” Wathi, “Ndifuna ukuba nalo itikiti lam ndiliphathe esandleni. Ukuze kuthi kwakukhala ikhwelo, andifuni nkathazo apho. Ndayicela iNkosi, kudala kakhulu ukuba, ukuba kukho into engundonakele, mandiyilungise khona ngoku,” wathi, “ngokuba kuyakuba mnyama kuvuthuze ngaloo ntsasa mzukwana inqanawa iyakuba isimka isiya kwelinye icala.” Wathi, “Andifuni kukhathazwa ke. Ndifuna ukuylungiselela yonke loo nto ngoku.” Yiloo nto ke esizele yona apha, ukuzama ukulungisa zonke izinto ezihluphayo, ukuze sibe nokuhamba singene ngaloo yure.

⁹ Ngoku, andizukuthetha nani thuba lide ngokuhlwanje, ngenxa yokuba sineenkonzo ezimbini ngomso. Ukuze emva koko ndihambe ndimke, ndiye kwenye indawo, kwiinkonzo ezizezinye.

¹⁰ Kodwa, ngoku, eNcwadini yeDuteronomi. Ndingwenela ukufunda kwisahluko se-16, imiqolo emithathu yokuqala, yeDuteronomi 16: 1 ukuya 3.

Yigcine inyanga engu Abhibhi, wenze ipasika wakukhupha e—kuYEHOVA uThixo wakho: . . . ngokuba wakukhupha ngenyanga (yesine) engu—Abhibhi uYEHOVA uThixo wakho eYiphutha ebusuku.

Uze ubingelele ipasika kuYEHOVA uThixo wakho, impahla emfutshane neenkomo, kuloo ndawo uYEHOVA ayakuyinyulela ukuba alibeke kuyo igama lakhe.

¹¹ Ngoku, ingongoma yam ngokuhlwanje ithi: *Indawo Enyuliweyo KaThixo Yokunqula.*

Ukuba uyaqaphela, inyanga u-A-B-H-I-B-H-I apho, ithetha, u-“Epreli.” Inyanga ka-Epreli yiyo abakhutshwa ngayo.

Ngoku ke into engummangaliso yile yokuba thina ngokuhlwanje, njengabanquli bakaThixo, kulo mhla siphila kuwo, kwaye sifumanisa ukuba zininzi iimbono ezahlukeyo zabantu. Kwaye okoko nje kusekho iimbono ezahlukeyo ngezinto, kunyanzelekile kubekho imibuzo eyahlukeneyo; kunyanzelekile ukuba ukuba kubekho impendulo enye eyinyaniso kumbuzo ngamnye obuzwayo.

Ukuba ndizakubuza umbuzo, “Yintoni le?”

“Kulungile,” bangathi, “yidesika.”

“Yeyokwenzani?” ’Yabona?

¹² Ngoku, apho, omnye umntu usenokuthi, “Asiyiyo idesika. Liplanga.” Kulungile, ililo iplanga, kodwa iyidesika. Uyabona, kufanele ukuba kubekho impendulo eyinene kuloo nto.

Kwaye ukuba ndingabuza umbuzo nangantoni na, kunyanzelekile ukuba kubekho impendulo eyinyaniso. Isenokubakho yinto esondeleyo kuyo; kodwa kufanele ibekho eyinyaniso, impendulo engqalileyo kumbuzo ngamnye. Ngoko ke, wonke umbuzo ovelayo ebomini bethu, kufanele ukuba kubekho impendulo eyinene, echanekileyo.

¹³ Kwaye ngoku, namhlanje, siyeva—siva besithi, abaninzi babantu bethu ehlabathini namhlanje. . .

Njengokuba ndingumntu ohamba eseka amabandla, ndikhe ndathabatha ihambo ezininzi zokuwela ulwandle nokujikeleza ehlabathini, ndiye ndahlangana neendidi

ezahlukeneyo zenkolo ezinjengoBuddha, nobuMohammad, namaSikhs, namaJain, nezininzi ezizezinye, zeenkolo zehlabathi. Ukuze apha kule Melika yethu; nakwamanye amazwe asemzini, sihlangane nawo wonke amabandla ethu ahlukeneyo, anjengamabandla ethu obuhlelo, ukuqalela kubuKatolika baseRoma bakudala, ukuya kubuGrike, njalonzalo, nezi—nezithethe ezahlukeneyo, konke ke ukuhla ukungena kwi...zonke izigaba zobuhlelo, ezingamakhulu alithoba anento zamahlelo ohlukeneyo obuProtestanti.

Ngoku, ngamnye kubo, kuba, wawunokuzibona iimbono zabo, kwaye andinakubagxeka. Ngamnye kubo ubanga ukuba uyinyaniso, banenyaniso. Kwaye abantu abangabekonkonzo bamelwe kukuyikholelwa loo nto, ngokuba bawubeke emngciphekisweni—babeke indawo abazimisele ukufika kuyo, indawo abazimisele ukufika kuyo ngoNaphakade, phezu kwemfundiso yelo bandla. Kwaye ke bahlukene kakhulu, omnye komnye, ide loo nto iyokwenza amakhulu alithoba anento emibuzo eyahlukeneyo.

Ngoko ke, xa kukho imibuzo engamakhulu alithoba anento, kunyanzelekile ukuba kubekho iMpendulo ibenye echanekileyo. Kwaye ndingathanda ukuba thina ngokuhlwanje, njengokuba sizama ukuya eZulwini, ukuya kuhlangana neNkosi yethu uYesu, Lowo simthanda sonke, ndingathanda ukuphengulula eZibhalweni ukuze ndibe nokuyifumana.

¹⁴ Ngoku, ukuba ungumbuzo weBhayibhile, ngoko ke kufanele ukuba ube nempendulo yeBhayibhile. Akufanelanga ukuba ibe nokuphuma kwiqela labantu, ibe nokuphuma nakubuphi na ubudlelane, mhlawumbi iphume kumhlohli othile, okanye iphume kwihlelo elithile. Ifanele ukuba ivele ngqo eSibhalweni, apho ikhoyo indawo kaThixo, yokunqula. Kwaye ngokuqinisekileyo, njengokuba enguThixo, ikho indawo yokuhlanganela, kwindawo ethile, apho Ahlangana nathi khona.

¹⁵ Ngoku, sifumanisa apha ukuba apha kwiDuteronomi, ekuqalekeni, uMoses ucaphula iSibhalo, izinto awabaxelelayo; ukuba Wayebakhuphe ngengalo enkulu, enamandla, bephuma eYiphutha, waze ke wabamilisela okokuqala.

Babebizwa ngokuba “ngabantu bakaThixo” bade baphuma eYiphutha, baze ke babizwa ngokuba “libandla likaThixo.” Ngenxa yokuba, ibandla kukuhlangana, okanye, ngeliphandle, *ibandla* lithetha “ababiziweyo bakhutshwa,” abo babiziweyo bakhutshwa. Kwaye ke babephuma eYiphutha, khon’ukuze babe libandla.

¹⁶ Ngoku uThixo wabaxelela, xa be...phambi kokuba bamilisele itempile nokuba yintoni na ababeyenza, “Ndiyakuyinyula indawo yokunqulwa kwaM, kwaye

ndiyalikubeka kuyo iGama laM.” Yiloo ndawo kuphela ke uThixo ayakuhlangana kuyo naye nabani na, yayiyindawo enyulwe nguYe. Wayinyula indawo yaKhe. Kwaye apho Wayinyula khona indawo yaKhe, Walibeka khona iGama laKhe. Umqolo we-2 apha usixelela oku, “Wayezakulibeka iGama laKhe endaweni Athe wayinyulela abantu ukuze baMnqule kuyo.” Ngoku, inye ke into, sifuna ukufumanisa ukuba iphi na loo ndawo.

¹⁷ Xa kukho iimbono ezingamakhulu alithoba anento ezahlukeneyo, xa ke siziyeka zonke iinkolo zabahedeni, sithetha nje ngenkolo yoBukristu. Nto leyo, ndinovelwano nangabahedeni, kungenjalo bendingenako nokuya phesheya phaya ndithethe nabo. Kodwa ke, abakho nyanisweni. UBukristu kuphela kwenkolo eyinyaniso, buBukristu. Ndiyithetha loo nto hayi ngenxa nje yokuba ndinguMkristu; kungenxa yokuba, ndiyakholwa ukuba yiNyaniso. Kuphela kwenkolo eyiyo.

¹⁸ Ndakhe ndaya engcwabeni apho kukho ihashe elimhlophe litshintshwa qho ngeeyure ezine. Apho, uMohammad, umpriste omkhulu ne—nenkokeli eyayisemva koKristu kanye, ekwakubangwa into yokuba ingumprofethi, kwaye, andithandabuzi ukuba wayenguye, kanye emva kwabazalwana bakwaMaccabee. Kodwa ke bakuba...Wafa. Ebanga ukuba uyakuvuka kwakhona kwaye uyakuleyisa ihlabathi liphela. Ngoku, malunga njalo ngeeyure ezine batshintsha abalindi, kwaye bagcina ihashe elimhlophe engcwabeni lakhe. Oko benza njalo iminyaka, engamawaka amabini, bemlindele ukuba uyakuvuka kwakhona aleyise ihlabathi. Kodwa uyabona...

¹⁹ Ube noBuddha ke; uBuddha waphila kumakhulu eminyaka, malunga namashumi amabini anesithathu amakhulu eminyaka eyadlulayo, isithixo se—seJapan. Ngoko ke wayesisazi-nzulu, into ethile efana noConfucius, nabanjalo.

Kodwa bonke abo, kuba...abaseki, nezinto ezinjalo, bonke ngabanye bafa nenzululwazi yabo, baza bangcwatywa engcwabeni.

Kodwa uBukristu, bona basekwa nguYesu Kristu, kukho ingcwaba elingenanto. Nguye kuphela iNdoda eyakha yema emhlabeni, yaphila yaze yathi, “Ndinegunya lokububeka phantsi ubomi baM ndize ndibuvuse kwakhona.” Kwaye Wakwenza oko. Kwaye Uyaphila namhlanje.

Siyazi ke ukuba Uyaphila, ngokuba Unathi kwaye eZiqondakalisa ngemiqondiso ephathekayo nezimanga, Awayethembise ukuba Uyakuzenza ukubonakalisa oko. Ngokokude, iNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli benqumla intlango, ikunye nathi namhlanje, yade yathatyathwa umfanekiso wayo; esenza imiqondiso nezimanga

AwaZithembisayo ukuzenza kulo mhla, sibona nje ukuba onke amazwi Awawathembisayo ayabonakalaliswa kulo mhla. Ngoko ke, oko kushiyekileyo kwehlabathi labahedeni akuyonto. BuBukristu bodwa!

²⁰ Ngoku, njengokuba kukho amakhulu alithoba anento emibuzo yokuba uThixo kuhlangukwa naye phi na, “Uhlangana namaWisile, okanye, Uhlangana namaBhaptizi, nokuthi Uhlangana *noku, nokuya, nokunye.*” Ngoku, kukho umbuzo apho, ngoko ke wonke umntu umelwe kukulufuna olwakhe usindiso ngokoyika nokungcangcazela.

Kodwa ngokuhlwanje ndifuna ukuzama ukufumana, ndiqondise eSibhalweni, ukuba iphi na indawo echanekileyo apho kuThixo kuhlangukwa naye kunqulwe ngabantu bakhe. Kwaye, ukuba yiyo leyo, yiyo kuphela indawo Ayakuze ahlangukane nomntu kuyo.

²¹ Ngoku, lengongoma siyithabathe kwiDuteronomi. Ligama lesiGrike elithetha iintsingiselo ezimbaxa, okanye, lithetha, “imithetho emibini.” Igama lesiGrike, u*Duteronomi*, lithetha “imithetho emibini eyahlukeneyo.”

Yiloo nto kanye ke uThixo anayo, imithetho emibini eyahlukeneyo. Omnye wawo ke ngumthetho wokufa, omnye ke kuwo ngumthetho woBomi. UThixo unemithetho emibini. UkuMlandela, nokuMkhonza nokuMnqula, buBomi; ukwala Oko ke kukufa. Mibini imithetho ekuThixo.

²² Ngoku, omnye waloo mithetho wenzi-...wenziwa waqondwa kwihlabathi, kwiNtaba yeSinayi. UThixo wawunikezela umthetho kuMoses noSirayeli. Hayi ngokuba umthetho unokubanceda, kodwa umthetho wawubakhomba kuphela ukuba babengaboni. Kwade kwalelo xesha, bengazi ukuba siyintoni na isono, bade ke banomthetho. Akunakuze kubekho mthetho ngaphandle kokuba kubekho isohlwayo. Umthetho awungomthetho, ngaphandle kwesohlwayo. Ngoko ke, “Ukwaphulwa komthetho sisono, kwaye umvuzo wesono kukufa.” Ngoko ke, ade abe uThixo wabenzela umthetho, kwakungekho kugqitha kubalelwayo kubo.

Ukuba akukho mthetho apha uthi awufanelanga ukuqhuba ngaphezu kwamashumi amabini ngeyure, ngoko ke ungaqhuba ngaphezu kwamashumi amabini eemayile ngeyure. Kodwa xa kukho umthetho othi awunakukwenza oko, ngoko ke kukho umthetho kwaye kukho isohlwayo emva kwawo.

²³ Ngoku, ukufa, umthetho wokufa, yayiyimiyalelo eyanikelwa kwiNtaba yeSinayi, owamxelelayo umntu ukuba ungumoni. Kwaye, ekwaphuleni umthetho kaThixo, wafa. Kodwa ke kwakungekho lusindiso emthethweni. I... Wawulipolisa nje kuphela elinokukuvalela ejele; kwakungenandlela kunokukukhupha ngayo.

Kodwa ke Wabuya wanikezela ngomnye umthetho, ngoko ke kwakukwiNtaba yeKalvari, apho isono sathi sabalelwa kuYesu Kristu, kulapho ke sathi isohlwayo sahlawulwa khona. Kungenga-ngaphandle komthetho, “koko kungobabalo ukusindiswa kwenu,” ngobabalo lukaThixo ngokonyulo lwakangaphambili lukaThixo ukwazi kwangaphambili kokuba ubuntu bakho buyini na.

²⁴ Ngoku, siyayibona le mithetho mibini, iDuteronomi, ithetha ngemithetho emibini. Kwakukho imithetho emibini. Omnye yayingumthetho wokufa, omnye ke ingumthetho woBomi.

²⁵ Kwakhona ke kwakukho iminqophiso emibini eyanikwa abantu. Sizakuthetha ngayo kusasa.

Omnye wayo wanikelwa ku-Adam phantsi kwemiqathango, “ukuba uthe wenza *oku* wangakwenzi *okuya*,” Kodwa ke loo mthetho waphulwa. U-Adam, no-Eva bawaphula lowo, emyezweni wase-Eden.

Waza uThixo ke wenza umnqophiso wesibini, lowo ke wawunikela ku-Abraham, loo mthetho ke wona wawungenamiqathango. “Ayisikoko wakwenzayo okanye uzakukwenza,” Yena wathi, “Sele ndikwenzile.” Lubabalo ke olo. Ngumthetho woBomi. UThixo oko wakwenzela u-Abraham neMbewu yakhe emva kwakhe, yiyo, yonke leyo iMbewu ka-Abraham.

Njengokuba iBhayibhile yathi, “USirayeli ephela uyakusindiswa,” kodwa oko akuthethi amaJuda. Njengokuba uPawulos wathi, “Loo Sirayeli ungaphakathi, okanye uSirayeli ngaphandle.” “Ngaphandle,” njengokuba besithetha ngako ngobunye ubusuku, yayingabantwana baka-Isake, ngokuzalwa. Kodwa umthetho kaThixo wawungoKristu, yena lowo ke wayeyiMbewu yobukumkani buka-Abraham, ukuze, “ngobabalo uSirayeli asindiswe.” Kukuthi, “Konke okukuKristu kusindisiwe,” konke, umnqophiso wesibini kaThixo. Kodwa ke zonke ezi zinto zazisisithunzi sangaphambili sikaKristu.

²⁶ Ngoku qaphela kumqolo we-2. Umqolo we-2 apha kwiDuteronomi isahluko se-16, “Nqulani kwindawo eNdiyinyulileyo.” Ngoku kufanele ukuba ninqule uThixo, Wathi, “Kwindawo eNdiyinyulileyo; hayi into enyulwe ngumntu othile, kodwa leyo Ndiyinyulileyo.”

Ngoku, ukuba uThixo wanyula indawo, kusifanele ngoko ukuba sifumanise ukuba yintoni na leyo Ayithethileyo ngayo. Nokuba iphi na loo ndawo? Ndifuna ukuyifumanisa, ngokuba, ngenene, ndifuna ukuMnqula.

Sonke silapha, ngokuhlwanje, ukuze siMkhonze. Sihleli apha ngokuhlwanje, singamaWisile, amaBhaptizi, amaKatolika, amaNgqina kaYehova, abeNzululwazi yoBukristu, nabo bonke, kodwa sinento esiyizingelayo.

Sifuna ukwazi iNyaniso. IBhayibhile yathi, “Naye niyakuyazi iNyaniso, kwaye iNyaniso iyakunikhulula.”

Umntu othile, awunakuyazi into oyenzayo, awazi ukuba mawuyenze njani na ude ube uyazi ukuba ungayenza njani na; awunakuyazi ukuba yintoni na omawuyenze ude ube uyazi ukuba ungayenza njani na, gxebe. Kufanele ukuba uyazi into oyenzayo nendlela omawuyenze ngayo.

²⁷ Oku ke kusibonisa ukuba uThixo unendawo ekuhlanganwa naye kuyo yabanquli baKhe, kwindawo ethile. Loo ndawo ke, yiyo kuphela, uThixo ahlangani kuyo nabakhonzi baKhe.

²⁸ Ngoku, kananjalo, indawo Ayinyulileyo eyinyulela abakhonzi baKhe, Wabanga ukuba Uyakulibeka kuyo iGama laKhe. Ngoku masiphengulule ke sifumanise, kuso sonke iSibhalo, ukuba iphi na le ndawo. Ngokuqinisekileyo, ukuba uThixo wathi Uyakulibeka iGama laKhe kule ndawo apho Anyulele ukuhlangana nabantu akhonze nabo...okanye baMkhonze, gxebe, ukuba ikho kwindawo ethile eBhayibhileni, kuba yayiyindawo yazo zonke izigaba.

²⁹ Kwaye uThixo omkhulu ongaguquguqukiyo akangekhe aguquke. Umntu angaguquka. Kodwa unokububeka ubomi bakho kuyo nantoni na uThixo awakhe wayithetha nangaliphi na ixesha, ngokuba iyiNyaniso. IyiNyaniso. Ngokuba, kuphela kwento endinokuba nethemba kuyo, yiBhayibhile. Ngokuba, ilizwi lomntu liyakusilela, kodwa uThixo wongamile.

Kulo nyaka ndimelwe kukwazi ngaphezulu kokuba ndandisazi kunyaka ophelileyo. Nawe, ngokunjalo, kumhla ngamnye. Sinesiphelo, ngoko ke siya sifumana ulwazi.

Kodwa uThixo akanasiphelo. Yena akanasiphelo. Njengokuba, engenasiphelo ke, Akangekhe aye efumana lwazi. Ugqibelele, indawo yokuqala. Isigqibo ngasinye sinyanzelekile ukuba sesisiso.

³⁰ Kwaye indlela awakhe wenza ngayo uThixo ngexesha elithile, Umelwe kukuba enze kwangaloo ndlela ngonaphakade, kungenjalo Wayenze ngemposiso ngokuya Wayenze ngexesha lokuqala. Ukuba umntu wakhe weza kuThixo ezokufuna usindiso, phezu kwesiseko Awathi wamamkelela phezu kwaso, kufanele ukuba amkeleke phezu kweso siseko sinye ngalo lonke ixesha. Injalo loo nto. Ukuba umntu wakhe weza kuThixo esizela impiliso eNgcwele, waze uThixo wamamkela phezu kwesiseko esithile; xa kusiza umntu olandelayo, Ufanelwe kukuba amamkele ngendlela enye, kungenjalo Wenze imposiso xa Ebesamkela laa mntu wokuqala. UThixo wenza isiseko apho Ayakuhlangana khona nomntu. Wenza isiseko into Ayakuyenza, nendlela Ayakuyenza ngayo, oko ke kwakungegazi lemvana elanikelwayo emezweni wase-Eden. UThixo akazange, nangexesha elinye, akhe asiguqule.

³¹ Wagqiba ukuba Uyakumsindisa njani na umntu. Sizamile namhlanje ukufundisa umntu ukuba angene kuloo nto; sizamile ukubanika imfundo, sizamile ukubahlohla, sizamile ukubenza amahlelo, sazama ukuzenza zonke ezinye ezi iintlobo zezinto; ukuzama ukubangenisa, sibashukumisa, sibabhaptiza sibangenisa, nayo yonke enye indlela ekhoyo, sibangenisa ngeencwadi. Kodwa nangoko, kusasoloko iyinto enye, uThixo uhlangana nomntu phantsi kweGazi eliphalaziweyo leMvana. YayiliGazi indlela kaThixo ekuqalekeni, laye ke iGazi yindlela kaThixo ngokuhlwanje. Kufanele ukuba nenze ukuzohlwaya ngesono nazo zonke ezi zinto, kodwa usindiso luza kuphela ngeGazi. LiGazi kuphela indlela uThixo awanyula ukusindisa umntu ngayo, kwaye ke Akanakuyitshintsha.

³² UYobhi waba nento enye. Wayesazi ukuba wayelilungisa, ngokuba wayenikele nge—ngedini uThixo awayelibiza kuye.

³³ Ngoku, masiphengulule ngoku ukuze sibone ukuba iyintoni na le ndawo, nale ndawo Alibeke kuyo iGama laKhe. Sizakufumanisa ukuba ulibeke phi na iGama laKhe. Ngoko, ukuba sifumanisile ukuba lingubani na iGama likaThixo nokuba Walibeka phi na, ngoko ke simelwe ukuba siyifumene indawo yokunqula nje ukuba sikufumanise oko.

Zonke ezi zinto, kakade, zazisisithunzi sezinto ezizayo. Wonke umthetho, wawusisithunzi sezinto ezizayo.

³⁴ Kanye, njengokuba inyanga isisithunzi selanga. Yiyo esebenzayo xa lingekho ilanga, kanye njengokuba iBandla kufanele ukuba lisebenze xa engekho uN-y-a-n-a [S-o-n—Mguq.] kaThixo. Xa engekho uNyana, esona siKhanyiso singaneno, iBandla, amakholwa, akhonza uThixo anike ukukhanya xa engekho uNyana. Kodwa lakuphuma ilanga, awubi sayibona inyanga kwakhona, ngokuba iye kutshona. Akusaswelekanga nganto ukukhanya kwayo kwakhona, ngokuba okwayo ukukhanya ikufumana mva, kuphuma elangeni. Ngoku, njengomyeni nenkosikazi, ilanga nenyanga zinjalo, liBandla noKristu.

³⁵ Ngoku sifumanisa ukuba, zonke ezi zinto zazisisithunzi sikaKristu. Dini ngalinye, isidlo, nayo yonke into ekwiTestamente eNdala, yayisisithunzi sikaKristu; kanye njengokuba isithunzi sibetha apha emgangathweni. Ngoku naku apho sizakufumanisa khona indawo eyiyo yokunqula, kukuba sibuyele emva kwiTestamente eNdala apho yayinikezelwe khona sibone ukuba zaziintoni na ezi zinto.

³⁶ Ngoku, xa isithunzi sisithi gqi apha phantsi, unganako ukubona ukuba yindoda, umfazi, okanye isilwanyana na, okanye nokuba yintoni na esisesayo, ngokuba ibeka isithunzi sayo phezu komgangatho. Ukuze ke njengokuba eso sithunzi sisiya siba sifutshane, isithunzi eso ke siyinto esisithunzi; kwaye ke akunakubakho sithunzi lungekho uqobo lwento.

Ngoko ke, lusakube uqobo lusondela kwisithunzi, isithunzi eso siyaginywa singene kuqobo olo. Isithunzi kunye ne—noqobo lwento ziyahlangana, yiloo nto ke eyenza uqobo lwento.

Ukuba ke “zonke izinto ezindala,” iBhayibhile eyathi “kwiTestamente eNdala, zazisisithunzi ezizakuza,” ukuze ngoko ke, uKristu waye sisithunzi sezinto ezizakuza.

³⁷ Ngoko ke sinokubona, ngeTestamente eNdala imizekeliso, apho Wanyula ukulibeka khona iGama laKhe, ngokuba... kuphina ngoku. Ngoku, njengokuba isithunzi, sisithi gqi emgangathweni, ndithe, siyinto esisithunzi, singumzekelo. Ngoko ke thina, thina banquli, nathi sinokuzibona iZithunzi seTestamente eNdala zisiya zinyamalala ukungena kuqobo lwento eNtsha.

³⁸ Ngoku, zonke izidlo, imihla ezingwele, wonke umnquba, zonke iinkuni, nayo yonke into esemnqubeni, yonke into yayizekelisa uKristu. Yonke iminikelo, yonke imithetho, yonke into yayisekuzekeliseni uKristu. Sikhe sangena kuyo, amaxesha ngamaxesha, apha kulo Mnquba.

Ngoko ke xa siyayibona, ngezi zinto, yonke imfundiso, ibandla, nehlelo lishiyekele ngemva kakhulu. Alikho nokubakho elugqatsweni, konke. Wonke umgaqo, yonke inkonzo, lonke ihlelo lishiywe phandle ngokupheleleyo. Akukho ndawo yabo konke.

³⁹ Akukho nto izekelisiweyo kwiTestamente eNdala, okanye naphina eBhayibhileni, yokuba ibandla, lanyanzela ubunye nenqaba yaseBhabheli. Nantso kuphela into ezekelisa ubunye. Ngokuba, babusenziwa nguNimrod, indoda ekohlakeleyo eyaphuma yahamba inyanzela onke amazwe amancinci ukuba angene ndaweninye nakule nqaba inde inkulu. Yayilunqulo lokukhonza, kakade, kodwa lingasekelezwanga ngokweLizwi likaThixo. Ngoko ke nako apho ulifumana lizekeliswe khona unqulo lwakho lobuhlelo, kwinqaba yaseBhabheli kwiTestamente eNdala. Nkolo leyo, ngokuqinisekileyo yayilunqulo, kodwa ingeyonkolo yaLizwi likaThixo.

⁴⁰ UThixo akanyulanga kulibeka iGama laKhe nakwiliphina ihlelo. Ndifuna iSibhalo soko, ukuba kunjalo. Ndiyazi ukuba babanga ukuba Wenze njalo, kodwa Akakhange. Akanakho ukulibeka iGama laKhe kwindawo ezininzi, ngokuba Wathi ULibeke iGama laKhe kwindawo enye. Loo ndawo inye' ke, ngalinye kumahlelo ethu lifuna ukuthi bayiloo ndawo, kodwa ke ichasene noko.

Kodwa ke Walibeka phi iGama laKhe?

⁴¹ Ngoku, Yena, ke, lingubani iGama laKhe, kuqala? Kufanele ukuba (siLibize) sifumanise ukuba ngubani iGama likaThixo phambi kokuba sibe nokufumanisa ukuba yintoni na Ayibeke kuloo ndawo.

Ngoku, sifumanisa ukuba Wayenezihloko ezininzi. Wabizwa ngokuba... Wabizwa ngokuba “nguYise,” nto leyo isisihloko. Waze Wabizwa ngokuba “nguNyana,” ntoleyo isisihloko. Waze Wabizwa ngokuba “nguMoya oyiNgcwele,” ntoleyo esisihloko. Ubizwa ngokuba “nguMfiyo waseSharon,” ntoleyo isisihloko, “INyibiba yaseziHlanjeni,” isihloko, “iKhwezi lokusa.” “UJehovah-jireh, Jehovah-rapha,” amagama asixhenxe, adibeneyo, okuhlangula, kodwa wonke ayezizihloko. Akukho nalinye kuwo elaliligama.

Kodwa ke Unalo iGama.

⁴² Wathi Akuhlangana noMoses, Wayengekabinalo iGama ngoko, waze Wamxelela uMoses ukuba, “NDINGUYE ENDINGUYE.” Kwaye sithe sakubona uYesu emhlabeni, ethetha kumaHebhere isahluko se-6... Uxolo, uYohane oNgcwele isahluko se-6. Wathi, “NDINGULOO NDINGUYE.”

Bathi bona, “Ngoba, UnguMntu nje ongekabi ngaphezu kwamashumi amahlanu eminyaka ubudala, uze uthi ‘Wena wambona u-Abraham?’”

⁴³ Wathi, “Engekabikho u-Abraham, NDIKHO.” Ibe ke “UNDINGUYE” yayinguLowo, wayekwityholo elalisitsha, iNtsika yoMlilo leyo yayikwityholo elalisitsha kudala kwimihla kaMoses, u“NDINGUYE ENDINGUYE.”

⁴⁴ Ngoku ke sifumanisa ukuba uYesu watsho, naye, “Ndize eGameni likaBawo waM, naze anaNdamkela.” Ngoko ke, iGama likaYise linokuba nguYesu ke. Injalo loo nto. IGama likaYise nguYesu, kuba uYesu watsho. “Ndilithwele iGama likaBawo waM. Ndize eGameni likaBawo waM, naza anaNdamkela.” Ngoko ke iGama laKhe lalinguYesu.

NoGabriyeli waMbiza ngokuba nguYesu, abaprofethi baMbiza ngokuba nguYesu, ngokupheleleyo Waye nguYesu. Kwangaphambi kokuzalwa kwaKhe, nabaprofethi abangcwele balibiza iGama laKhe ngokuba ngu*Imanuweli*, ntoleyo ithetha ukuba, “uThixo unathi.” Ngoko, “uThixo wabonakalaliswa esenyameni ukuze asuse isono sehlabathi,” ukuze, ekwenzeni njalo, Wanikwa iGama elinguYesu. Ngoko ke, uYesu ulilo iGama.

IGama ke labekwa eMntwini; hayi ebandleni, hayi ehlelweni, hayi kumgaqo, koko eMntwini! Wanyula ukulibeka iGama laKhe kuYesu Kristu. Ngoku sifumanisa ukuba Uba yiloo ndawo yokunqula uThixo, apho uMkhonza khona.

⁴⁵ Kwangaphambili kokuba Abe uzelve nokuzalwa, iGama laKhe lalibizwa ngokuba nguYesu. Lalibaluleke kangango, laze lanikwa unina wakhe yiNgelosi uGabriyeli, ukuba iGama laKhe laliyakuba ngu“Yesu, uNyana kaThixo,” into Awayeyiyo.

⁴⁶ Nalo ke sinalo, ngoko. Lilo eli, kuphela. Lilo, lelaKhe yedwa. Indawo enyuliweyo kaThixo yokunqula. Indawo kaThixo, enyuliweyo. UThixo wanyula ukuhlangana nomntu; kungekho bandleni, kungekho hlelweni, kungekho kumgaqo, koko kuKristu. Nantso kuphela indawo uThixo ayakuhlangana kuyo nomntu, ukuze anqule uThixo, kukuKristu. Yiloo ndawo kuphela. Akunamsebenzi nokuba ungumWisile, umBhaptizi, umKatolika, umProtestanti, nantoni na oyiyo, inye kuphela indawo onokumkhonza ngokuchanekileyo kuyo uThixo, leyo ke kukuKristu.

AmaRoma 8:1, athe, “Ngoko ke ngoku akukho kugwetywa kwabo bakuKristu uYesu, abangahambiyo ngokwenyama, koko abahamba ngokoMoya.” YiVangeli ke leyo.

⁴⁷ Singahlukahlukana ngemigaqo. Singahlukahlukana ngokweengcinga ezenziwe ngabantu. Ungaya kwinkonzo yamaWisile, kuyanyanzeleka ukuba ube ngumWisile; kumaBhaptizi, umBhaptizi; kumaKatolika, umKatolika. Kodwa ukuba nje ukhe wabhaptizelwa kuKristu, waza waba lilungu lomzimba waKhe, akukho zahlukwano. Idonga eliphakathi lokwahlukana lidilizelwe phantsi kwaye ukhululekile, ngokuba ukuKristu uYesu. Kwaye umnqula uThixo ngoMoya nangeNyaniso xa ukuKristu uYesu. Licebo likaThixo alenzele wena ukuze uMkhonze ukuKristu uYesu.

⁴⁸ Ngoku, akukho bandla labuhlelo linokukubanga oku, akukho mntu unakho ukukubanga oko. Unganakho njani ukwenza amabango anjalo? Ukwenza into elolo hlobo kungaba ngumoya womchasi-kristu, kungaba kukususa kuKristu; kukususa kuYe. Awunakho ukuyenza loo nto. UKristu kuphela kwendawo uThixo ahlanguana kuyo nabakhonzi.

⁴⁹ Bathi, namhlanje, ndive ndibe abantu bendixelela. Enye indoda yakhe yanditsalela umnxeba kungekudala kakhulu, eBeaumont, eTexas. Yathi, “Mnu. Branham, ukuba igama lakho alikho kwincwadi yethu yebandla, awunakho ukuya eZulwini.” Ungayicinga phi into enjalo? Ungaze uyikholelwe into enjalo. Bacinga ukuba ufanele ukuba ube ngowenkonzole ethile kungenjalo awunakho ukuya eZulwini. Yimposiso leyo. Ukukholelwa loo nto bubuchasi-kristu. Ndiza kuthi: ukuba ukholelwa kumoya ololohlobo, ulahlekile. Ngumqondiso onguwo wokuba ulahlekile lowo, ngokuba kukususa kwinto awayenzayo uThixo. UThixo akazange alibeke nakwiyiphina inkonzo iGama laKhe. WaLibeka kuNyana waKhe, uKristu uYesu, ngethuba Yena noNyana waKhe bathi babaNye. Nantso indawo eyinene yokunqula. Akukho siseko sisesinye sibekiweyo, akukho lulwalwa lumbi.

Ndimi phezu koKristu, uLwalwa, oluqinileyo;
Wonke omnye umhlaba uyintlabathi ezikayo.

Amahlelo ayakuhlekeka awe, izizwe ziyakudlula, kodwa Yena uyakuma ngonaphakade. Akukho ndawo yimbi apho umntu anokufumana khona, ukukhonza uThixo, ukuze uThixo aphenkulane naye, akukho ndawo yimbi nguKristu uYesu kuphela. Nantso kuphela indawo, indawo ekuphela kwayo uThixo ayakulibeka kuyo iGama laKhe, likuphela kwendawo Ahlangana kuyo nomntu, ukuze akhonze. Ulahlekile, ukuba ukholelwa nayiphi na enye into.

⁵⁰ Qaphela, zonke ezo zidlo zisixhenxe zamaJuda zaziqhutyelwa kwindawo enye. Babengaqhubi esinye isidlo *apha* besiqhubela amaWisile, nesinye senzewe *phaya* isesamaBhaptizi, esinye sibe *ngaphaya* isesamaPresbhithari, esinye sibe *ngapha* ngemva isesamaKatolika, esinye ke ibe sesamaProtestanti. Zonke ezo zidlo zisixhenxe zazisenzelwa kwindawo enye.

⁵¹ Oko kungumzekelo omhle apha. Sisandula ukuphuma kwiZigaba eziSixhenxe zeBandla, ezizakubonisa ukuba uThixo ugcine zonke ezo Zigaba ziSixhenxe zeBandla eLizwini, kuba sigaba ngasinye sebandla savelisa inxenye yeLizwi, kwaye kwathi njalo ukuba elivelisa akubona ukuKhanya.

Kanye njengokuba abantu baqalayo ukufumanisa ukubhaptiza eGameni likaYesu. Benza ntoni ke? Basuka benza ihlelo ngaloo nto, yaze yafa kanye kuloo ndawo. Waze uThixo wahambela phambili engena komnye umntu. Akanakuze ahlale komnye waloo migaqo neemfundiso. Akananto yakwenza nawo konke. Akukho nto igqwethiweyo kuThixo. ILizwi likaThixo lingcwele, alingxengwanga. UKristu uyindawo esesizikithini yokukhonza uThixo. UnguThixo.

⁵² Zonke ezo zidlo zisixhenxe kufanele ukuba zenzelwe kule ndawo inye. Wawungenakugcina isidlo nakweyiphi na enye indawo. Koko kwezo ndawo zisixhenxe, indawo... Izidlo ezisixhenxe zonyaka kufanele ukuba zigcinwe kwindawo enye. Ngoko ke, iZigaba eziSixhenxe zeBandla kwakufanele ukuba zivele kwindawo enye ngokupheleleyo, loo ndawo ke yayinguKristu ethetha kuzo zonke iZigaba eziSixhenxe zeBandla. Ichanekile kanye loo nto. Umzekelo, weZigaba eziSixhenxe zeBandla, kodwa ke basuka benza amahlelo ngaloo nto.

⁵³ Ngoku masikhe sikhangele omnye umzekelo ngoku sisajonge apha, lowo ke, ngumzekelo wepasika, eyayisisithunzi sikaYesu. Siyaliqaphela apha idini legazi, ngokufa. Idini legazi yayiyindawo eyayisisithunzi sangaphambili sikaKristu. Ingaba linokopha ihlelo; ungacinga ngento yokuba inkonzo ingopha, ukopha kobuhlelo? Ngokuqinisekileyo akunjalo. Kwathabatha igazi, ukopha okuphuma ebomini. Kwaye, ubomi, apha uYesu uvela ngemvana. Imvana yayingumzekelo kaKristu, yaba

sisithunzi sangaphambili sikaKristu, ngokuba “WayeyiMvana kaThixo,” awathi uYohane wayazisa, “ethwala isuse isono sehlabathi.” Sifumanisa ukuba uYesu ekuveleni kwakhe, kwi-Eksodus isahluko se-12.

⁵⁴ Qaphela, yayikukuphela kwendawo leyo ukufa ekwakungena kubetha kuyo. Kwathi xa kulungiselela ukulintlitha ilizwe ukufa, kwafanela ukuba kubekho indawo ethile; bonke ababengaphandle kwale ndawo bafa. Indawo enye kuphela! Ngoku, kwakungathethi ukuthi yayiyindlu enye; kodwa ke kwakukho indawo enye, kwakulapho ixhwane lalixhelwe khona. Apho lalikhona igazi lexhwane, ingelosi yokufa yayingenakubetha, ngokuba yayiyiloo ndawo inye uThixo wayelibeke khona iGama laKhe. Kwaye elo xhwane labizwa kwaphaya emva ekuqalekeni, imvana. Qaphela, yayikukuphela kwendawo esasingenakubetha kuyo.

⁵⁵ Kwaye ke ngoku isekwayinto enye namhlanje. Inye kuphela indawo apho ukufa komoya kungena kubethe khona, liLizwi. Ukufa akunakulintlitha iLizwi, ngokuba liliLizwi eliPhilileyo likaThixo.

Kodwa ke wakufaka umgaqo kuLo, iLizwi liyaZikhupha apho. Liyakuzahlula njengamanzi emafutheni. Awunakho ukulihlanganisa noko. Ngoko ke, uyabona, kwakufika umgaqo ehlelweni, bonke bayakusuka balandele umgaqo; lize iLizwi life, liphume lihambe nomnye umntu liye liZandisa ngokungaphezulu. Liye lithabatha amandla okuzihambela, njengokuba Lihamba ukusuka kuGwebelo, uNgcwaliso, uBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ukuze linyuke liye kuphuma kuKhozo! Uyayibona indlela uThixo ayinyatheleyo? Ukuzisa iGama laKhe, lonke ixesha, ukuhla ngaloo ndlela inye, ngokuba UliLizwi.

Qaphela, Alinakho ukufa. ILizwi loBomi alinakho ukufa.

⁵⁶ Qaphela indlela eligqibelele ngayo, ngoku. Ingelosi yokufa yayingalelwanga ukuba ibethe abantu abakhulu abalumkileyo baseYiphutha. Yayingazange yalelwa ukubetha loo mihlaba ingcwele, izakhiwo zawo ezikhulu, oofaro bawo. Kungenjalo, nabapriste beloo lizwe, ingelosi ayizange yalelwe ukubabetha. Yayinokubetha nasiphi na isakhiwo, nayiphi na indawo, nabani na, kodwa yayingenakho ukubetha apho lalikhona ixhwane.

Ukufa akunakubetha apho ikhoyo le ndawo ibonelelwe nguThixo, leyo ke ikwiMvana.

⁵⁷ Qaphela, kwakungekho noku... yayingalelwanga nokubetha uSirayeli kungenjalo abapriste bakhe bamaHebhere, namawabo, naliphi na kwabo amahlelo. Konke makube kwindawo enyuliweyo kaThixo, kwindawo ebonelelweyo, kungenjalo ukufa kuyabetha.

⁵⁸ Bandle, nokuba niphi na, nokuba ningabantoni na, akwenzi mahluko oko. Kodwa, inye into ekufanele ukuba uyazi, kunyanzelekile ukuba ube kuKristu kungenjalo ufile. Awunakho ukuphila ngaphandle kwaKhe. Inkonzo yakho isenokuba ilungile, njengesakhiwo; ubudlelane bakho busenokuba bulungile, njengomntu. Kodwa wakuwala uMzimba, iGazi, iLizwi likaYesu Kristu, ufile kanye ngaloo mzuzu ukwenze ngawo oko. Liyindawo enyuliweyo kaThixo yokunqula. Nako apho likhoyo iGama laKhe, ngokuchanekileyo. Nako apho Anyule ukulibeka khona iGama laKhe; hayi ebandleni, koko kuNyana, uYesu Kristu.

⁵⁹ Qaphela, ukhuseleko luxhomekeke kuphela kwindawo enyulwe nguYe, kwiMvana yaKhe, nasegameni lemvana.

⁶⁰ Qaphela, yayilixhwane “eliliduna,” iduna, hayi elilithokazi. Hayi ibandle (ithokazi), kodwa iGama laKhe, hayi igama lalo. Apho wayezakuhlangana khona nabantu kwakungekho egameni lalo, koko eGameni laKhe, Yena, iMvana!

⁶¹ Ngoku sithi, “Ibandle, ibandle elinamandla, elikhulu, lilo elenza *oku* laza lenza *okuya*. Lamelana neenkqwithelo. Siye senyukela ngokwenani. Sibakhulu ngamanani. Silibandla elinamandla. Liyinto enkulu.”

Kodwa uThixo akazange athethe nto ngalo. Wathi, “NguYe.” “Yena,” uyindawo yokuhlangana, iMvana, hayi ibandle. Hayi igama lalo, koko iGama laKhe. Akazange alibeke ndawo konke igama lalo. Wabeka iGama laKhe “kuYe”!

Kungoko, “Kunyanzelekileyo ukuba konke esikwenzayo, nokuba kungelizwi okanye isenzo, kufanele sikwenze konke eGameni likaYesu Kristu.” Ukuba siyathandaza, kufanele sithandaze eGameni likaYesu. Ukuba sicela izibongozo, simelwe kukuzicela eGameni likaYesu. Ukuba siyahamba, sihamba eGameni likaYesu. Ukuba siyathetha, sithetha eGameni likaYesu. Ukuba siyabhaptiza, kufanele ukuba sibhaptize eGameni likaYesu Kristu. Kuba, “Konke esukuba sikwenza ngelizwi nokuba kungesenzo, masikwenze eGameni likaYesu Kristu.”

⁶² Umfo othile wakhe wathi kum ngaxesha lithile, sixoxa ngoko, wathi, “Mzalwana Branham, inkosikazi yam, andiyi...” Wathi, “Yona, igama layo ngu*Sibani-bani*.” Ungumlungiseleli, mhlawumbi uhleli apha ngoku. Waze wathi, “Inkosikazi yam,” wathi, “inegama lam.” Ndizakuthi nje u*Jones*, ngoba yayingengo*Jones*. Wathi, “Ngoku, akufunekanga ivuke ngentsasa, ithabathe umtshayelo ithi, ‘Ngoku, ndizakutshayela umgangatho egameni lika*Jones*, kwaye ndihlamba izitya egameni lika*Jones*, kananjalo ndilapha impahla egameni lika*Jones*.” Wathi, “Andiqondi ukuba ufanele ukubiza nagama ngokupheleleyo.”

Ndathi, “Ndikholelwa ukuba umelwe.” Injalo loo nto.

Waze wathi, “Ke, ngoba? Akufanelanga athi. Yonke into ayenzayo isegameni likaJones, indawo yokuqala.”

⁶³ Ndathi, “Kodwa awuzange uhle ungene estratweni uyifumane, uze uthi, ‘Yiza apha, Jones.’ Kwafuneka ukuba ize, kuqala, ngenkonzo eyodwa yesiko, inkonzo yomtshato, ‘Jones.’ Ukuba ayizange yenze njalo, uphila ekukrexezeni. Ukuba ubhaptizwe nangayiphi na enye indlela kungekuko eGameni likaYesu Kristu, lubhaptizo lokukrexeza, lona lalingafunyanwanga Bhayibhileni.”

Ngoko ke, “Yonke into oyenzayo ngokwelizwi nangomsebenzi, yenze eGameni likaYesu,” emva koko, into oyenzayo. Kodwa okokuqala kunyanzelekile ukuba uze eGameni laKhe.

⁶⁴ Baninzi abafazi abalungileyo kwesi sakhiwo ngokuhlwanje, abahle, abafazi abathembekileyo; kodwa mnye uNkosk. William Branham. Ngulowo uhamba nam ukuya ekhaya. Nguye oyinkosikazi yam.

⁶⁵ Kukho abantu abalungileyo ehlabathini, iinkonzo ezilungileyo; kodwa mnye uNkosk. Yesu Kristu, lowo ke ngulowo Aza kubuyela yena. Kulapho lilele khona iGama laKhe. Nantso ke apho ikhoyo indawo yaKhe yokunqula, ikuYe kuye yedwa ke. Yinyaniso leyo. Owu, ewe, mhlekazi. Sifumanisa ukuba yinyaniso leyo.

⁶⁶ Ngoku, sesi sizathu, thina, “Konke esikwenzayo ngelizwi nokuba kungomsebenzi, sikwenza eGameni likaYesu Kristu.”

“Akukho gama limbi linikiweyo phantsi kweZulu lokusindisa, koko liGama likaYesu Kristu.” IZenzo, isahluko se-2, sitsho ukuthi, “Makwazeke kuni...” “Ukuba akukho gama limbi linikiweyo phantsi kweZulu umntu anokusindiswa ngalo, kuphela kuseGameni likaYesu Kristu.” Amen. Ndiyathemba ukuba niyayifumana. IGama likaYesu Kristu, onke...

AmaZulu aphakamileyo abizwa ngaYe, “Lonke usapho lwaseZulwini libizwa ngoYesu,” itsho iBhayibhile, “kwaye lonke usapho olusemhlabeni lubizwa ngoYesu.” Ngoko ke elo liGama likaThixo elinyuliweyo nalapho ALibeka khona. Yindawo yaKhe yokukhonza, ikuYesu Kristu. Ngoku, siyazi ukuba oko kunjalo, akukho ndawo yimbi yakukhonza koko kukuYe.

⁶⁷ “Akukho gama limbi phantsi kweZulu linikiweyo phakathi kwabantu, abanokusindiswa ngalo.” ElaKhe liGama likaThixo lokuhlangula. UThixo uneGama elibizwa ngokuba nguJehovah-jireh, uJehovah-raphah, uJehovah-jireh. “INKosi ixolela zonke izono zakho.” *Jehova-raphah*, “INKosi iphilisa zonke izifo zakho.” Wayenezihloko ezininzi. Kodwa UneGama

elinye lokuHlangula, elileloluntu, elo ke liGama lika“*Yesu*.” LiGama laKhe, Awalinyulayo ukulibeka. Walibeka phi? Walibeka kuKristu.

⁶⁸ Onke amanye amagama ebandla, imigaqo, izihloko, akukufa ukuthembela kuwo. Ukuba uthembele kwibandla laseWisile ukuba likuse eZulwini, ulahlekile. Ukuba uthembele kwibandla lakwaMoya, ibandla lakwaMoya ukuba likuse eZulwini, ulahlekile. KwiBhaptizi, amaLuthere, amaPresbhithari, amaKatolika, nayiphina enye inkonzo; ukuba uthembela kumagama azo, okanye izihloko zazo, okanye imigaqo yazo, ulahlekile.

Ngokuba, awunakho nokunqula ude ube kuqala ungene kuloo ndawo yokunqula. Amen. Yiloo ndawo kuphela apho uThixo ahlngana khona nomkhonzi, kukwindawo Awayinyulela ukulibeka kuyo iGama laKhe. Zonke ezinye, ukuba uthembela kuzo, uyakufa. Wathi kananjalo . . .

⁶⁹ Esinye isithunzi sikaYesu apha, ndinaso siphawulwe apha, iSibhalo. Kananjalo, Yena—Yena Waba sisithunzi apha, “Kufanele ukuba Angabi nasiphako.” Indawo Alibeka kuyo iGama laKhe, eli Xhwane kufanele ukuba lingabi nasiphako.

Ngoku, leliphi ihlelo okanye inkqubo onako ukukwayamanisa nalo oku; leliphi ibandla, bubuKatolika, bubuProtestanti, ubuJuda, nokuba leliphi na? Yeyiphi inkqubo, ihlelo, onokukwayamanisa nalo oko, “elingenasiphako kulo”? Laliwe lonke, lalahlwa!

Kodwa ke ikho indawo! Haleluya! Loo ndawo ke ikuYesu Kristu. Akukho siphako konke kuYe. Akukho siphoso kuYe.

Awunako ukukwayamanisa oku. Bonke aba bantu bazama ukwenza ngoloo hlobo, bathi ibandla labo alinasiphoso nako konke *oku*. Ngabaphuli-Lizwi, abangcolileyo, abathandi, abasesiqingatheni sokufa, amaLawodike, umgaqo, koko asiyiyo iNyaniso. Kodwa noPilato ngokwakhe, utshaba lwaKhe, wathi, “Andifumani tyala kuYe.” Utshaba lwaKhe buqu lwangqina ukuba kwakungekho butyala kuYe. Akunakho ukwayamanisa sono kuYe.

⁷⁰ Wathi kubangingeleli bomhla waKhe, “Nguwuphi kuni onako ukuNdimangalela ngesono? Ngubani onokuNdibonisa ukuba Ndingumoni?”

Ndixelele naliphi na ibandla elinokutsho ukuba alizange lenze nantoni na engeyiyo. Ngokuphandle, akukho nalinye kuwo, ngeliphandle, koko abulala enza yonke into ekhoyo kwisalatha-maxesha ngokuphandle enokwenziwa. Baze ke babe besazibiza. . . . Hayi, asiyiyo indawo yokuhlangana kaThixo yokukhonza, ayikho kuwo nawuphi na umgaqo okanye ihlelo.

⁷¹ Ngoku zihlobo, andifuni kunivisa buhlungu, kodwa ndinoxanduva loMyalezo, kwaye, loo Myalezo uthi, “Phumani kule mbudu mbudu!” Ukuba ke ndinichelile ukuba niphume, ndizakunisaphi? Ingaba mhlawumbi ndizakunizisa kuMnquba kaBranham? Sisiphoso esifanayo nezinye eziya eso.

Kodwa inye indawo endinokunithabathela kuyo, apho nikhuselekileyo nakhuselwa ekufeni, leyo ke ikuYesu Kristu. Indawo yokukhonza kaThixo. Nantso indawo endiyazisa kuni, ngokuhlwanje, apho uThixo alibeke khona iGama laKhe. Apho Wathembisa ukuba Uyakuhlangana naye khona wonke umntu oyakungena apho, Uyakudlelana naye adle naye, kukuKristu ke apho; hayi bandleni, hayi mnqubeni.

Koko, kuKristu, nguYe uMnquba kaThixo. NguYe indawo kaThixo aweza, kuYe ngokwaKhe, wahlala kuYe. “Lo nguNyana waM oyintanda, eNdikholisiweyo kukuhlala kuYe.” Nako apho uThixo ahlala khona, walizisa iGama laKhe waLibeka phezu, koYesu Kristu. Ngoko ke, iGama laKhe labekwa phezu kweNdoda, uNyana waKhe, uYesu Kristu, apho athe Wazihlalisa khona ngokwaKhe, kuloo Mnquba ke.

Apho, kwakuzekeliswa khona, iYerusalem yakudala, izidlo zakudala, itempile yakudala yayingumzekelo; kwakusithi kwakungena umsi, ngalaa mhla kwangena ngawo ityeya, yomnqophiso, wahlala phantsi, laza iZwi likaThixo leviwa liphuma kuwo.

Ngokunjalo iZwi likaThixo leviwa, liphuma kuMnquba, uYesu Kristu; ntoleyo, ithi okweMvelo (nokwendalo) kwakudala kwakungumzekelo nesithunzi sokuTsha. Kwaye wathi Akungena kuKristu, Wathi, “Lo nguNyana waM Oyintanda, endikholisiweyo kukuhlala kuYe. Kwaye Ndiyakulinyulela indawo eNdiyakulibeka kuyo iGama laM, apho ke Ndiyakuhlangana khona nomntu, nalapho ndiyakukhonza khona.” UThixo wayinyula loo ndawo; akukho nakuliphi na ihlelo lebandla, koko kukuYesu Kristu. Ewe, mhlekazi.

⁷² Umelwe kukuba ngokunjalo “angabi nasiphako,” njengokuba benditshilo. Akukho hlelo linokukubanga oko. Ukuba bayayenza loo nto; bangumchasi-kristu.

⁷³ Ngoku sifumanisa ukuba apha, qaphela indlela esiyiyo isithunzi saKhe kwakhona. I–ixhwane ligciniwe. Ngoku, oku kufumaneka kwi-Eksodus 12, ukuba ungathanda ukuyibhala, i-Eksodus 12:3-6. Ixhwane kufanelwe ukuba ligcinwe iintsuku ezine, ukuba lilingwe, ukubonakalisa ukuba selikufanele na ukuya edinini. Kufanele ukuba lithathwe, lilingwa-lingwe, liphindwe iintsuku ezine zonke, ukubona ukuba akukho siphako na kulo, kubonwe ukuba ngaba akukho ukugula na kulo, kubonwe ukuba ingaba akukho nto ingalunganga na kwixhwane elo. Kufanele ukuba ligcinwe iintsuku zibene.

⁷⁴ Ngoku qaphela. Abanye benu basenokucinga ukuba kwakuka kancinane, lixhelwe ngoweshumi elinesine. Kodwa, ukhumbule, babelithatha ixhwane ngomhla weshumi enyangeni, baze balixhele ngomhla weshumi elinesine enyangeni, 'yabona, ntoleyo ithetha ukuba laligcinwe iintsuku zane.

⁷⁵ Ngoku, uYesu, iXhwane, leGama likaThixo, wangena eYerusalem waza akaphuma kwakhona kwade kwaba semva kokufa kwaKhe, ukungcwatywa, nokuvuka. Wagcinwa ephantsi kwababhenci iintsuku ezine nobusuku obune. Indlela ekuzekelise ngayo ngokugqibeleleyo iXhwane, wagcinwa iintsuku ezine. Kungoko wathi uPilato, "Andifumani tyala kuYe."

⁷⁶ Esinye isithunzi saKhe, akukho thambo laba nokwaphulwa kuYe, ntoleyo igqibelele ngokukuko, xa babengenako. Ekuxheleni idini, babengenako ukwaphula thambo. Ukuba kwakunjalo, lalisaliwa. Kwaye babesele beyirholile ihamile phaya emva ukuze bawaphule amathambo emilenzeni kaKristu, ngethuba abathi, "Usele efile." Balikrazula icala laKhe bafumana iGazi namanzi.

⁷⁷ Qaphela kwakhona enye into enkulu apha. Andizukuyitsiba ndiyishiye, ngokuba Wayebekwe njengomnikelo, umnikelo wokudla.

Ndikhumbula ngelinye ixesha babenesikolo, eBhayibhileni, esasibizwa ngokuba sisikolo sabaprofethi, yayisisikolo ke ngenene. Sifumanisa ukuba u-Eliya wenyuka waya apho kweso sikolo ngenye imini, baze bathi, "Thina..." Babemthandaza ukuba ahambe, bathi, "Uselapha nje, izinto zingqale kakhulu." Ngoko ke babefuna ukuba emke.

Baze ke baphuma baya kumfunela isidlo sasemini. Neqela ke lababingeleli laphuma, okanye abaprofethi, baya kufuna iimbotyi, ukuza kumenzela isidlo sasemini. Baze bathi bakwenza njalo, bezisa umbhinqo uzaliswe zizo; bathi ke bakubuya, yayingamathangazana, ntoleyo yayiyityhefu, baza ke bawagalela embizeni. Zaqala ke ukubila iimbiza, baze bathi, kwakho umntu, othi, "Owu, kukho ukufa embizeni. Ngoku asinako nokudla oku."

U-Eliya ke wathi, "Ndiziseleni isandla somgubo." Waza wathabatha umgubo wawugalela embizeni, wathi, "Yidlani. Imbiza iphilisiwe."

⁷⁸ Umnikelo wokudla lowo yayinguKristu. Sonke isityalo kwakufanele ukuba sibekwe ngendlela enye, kwaye lonke isuntswana lomgubo kwakufanele ligutywe ngendlela enye, ukwenzela umnikelo wokudla. Oko kubonisa, ukuba, nguYe umphilisi. Kwaye Umele, ethabatha esusa ukufa, afake uBomi; ngalaa mithetho yomibini. Haleluya! Apho ukufa kukhoyo, kwenye indawo; uthi uKristu akungena, bungene uBomi.

NguYe izolo, namhla, nangunaphakade. Apho ke kwakukho ukufa, kwabakho uBomi, ngokuba uKristu wangeniswa, umnikelo wokudla.

⁷⁹ Sisifundo esikhulu ke eso sokuba ezi zinto ziyakubakho ukuba sinokuthabatha ixesha lokuzicalula sizikhuphe! Ngoku qaphela, akukho negama elinye lesithunzi elisilelayo. Akukho negama elinye elakha lasilela, lesithunzi. Yonke into yazekelisa ngokufanelekileyo.

Yena uyiyo indawo enyuliweyo kaThixo yokunqula, kwaye iGama likaThixo linikelwe kuYe. Uyindawo kaThixo yokunqula, kwaye iGama likaThixo linikwe Yena. Ulilo iLizwi likaThixo, kwaye Yena ulilo iGama likaThixo. Ukuko kokubini iLizwi likaThixo neGama likaThixo. “WayeliLizwi lenziwe inyama.” WayeliLizwi likaThixo, iMvana kaThixo, iGama likaThixo, kwaye wayenguThixo. Nantso into Awayeyiyo, engonyuliweyo nokuphela kweNdawo yokukhonza uThixo.

⁸⁰ UThixo ke uyayala nayiphina enye indawo engaphandle koYesu Kristu; awunakho ukuMkhonza nakwiyiphi na enye. Wathi, “BaNdikhonza ngelize, befundisa imithetho yabantu njengemfundiso.” Namhlanje sinemigaqo, iimfundiso, nayo yonke enye into, efundisa ukuba, yindlela *le* nethi, *nantsiya* indlela.

Abe uYesu ethe, “Ndim iNdlela, iNyaniso, noBomi, kungekho namnye umntu onokuza kuThixo ngaphandle kwaM.” Ngamanye amazwi, “NdiM iSango elingena ebuhlanti. Bonke abangaphandle bangamasela.” NguYe kuphela indlela yokungena. NguYe iSango. NguYe iNdlela, iNyaniso, uBomi, koko kuphela okukhoyo; indlela yokungena ekukuphela kwayo, indawo ekukuphela kwayo, unqulo ekukuphela kwalo, iGama ekukuphela kwalo.

Yonke into ibotshelwe kuYesu Kristu. Yonke iTestamente eNdala ibotshelwe kuYe. ITestamente eNtsha ibotshelwe kuYe. NeBandla namhlanje libotshelwe kuYe, ngeLizwi noMyalelo waKhe. Akukho ndawo yimbi, okanye Gama limbi, okanye naphina uThixo awakhe wathembisa ukuba uyakuhlangana khona nomntu; kukuYesu Kristu kuphela, indawo yaKhe enyuliweyo yokunqula.

⁸¹ Qaphela, uThixo wathembisa ukuhlangana nabakhonzi baKhe kule ndawo inye kuphela, leyo ke yenyulwe nguYe ngokwaKhe; hayi enyulwe sithi, hayi ngokucinga kwethu; kodwa ngokucinga kwaKhe, ukunyula kwaKhe. Kwaye ke iyakuba yindawo apho Alibekhe khona iGama laKhe, apho Anyule khona. Ngoku ke sifumanisa ukuba apho lalikhona iGama laKhe, yindawo Awayinyulayo, ngonyulo OlulolwaKhe.

⁸² Ngoku siyifumene indawo Alibekhe kuyo iGama laKhe, leyo ke, ikuKristu uYesu, kwaye ke akukho ndawo iyenye, okanye gama lilelinye. Niyoneliswa yiloo nto? Yithani, “Amen.”

[Ibandla liyaphendula, “Amen”—Mhl.] Ngoku, inye ke into, ukuba siyifumene apho ikhoyo loo ndawo... Indawo yokunqula ayamkeleki naphina, kukuKristu kuphela.

Ungaguquka, ungayenza loo nto, kodwa awukakhonzi. Ucela uxolo. UPetros wathi. . .

Ngomhla wePentekoste, bakubabona bonke bethetha ngeelwimi, nemiqondiso emikhulu nemimangaliso isenzeka, baqala ukuhleka, libandla elenza oko, bathi, “La madoda azaliswe yiwayini entsha. Enza njengabantu abanxilileyo. I. . .” UMariya intombi, bonke, babehlanguaniseni apho, ikhulu elinamashumi amabini labo. Kwaye ke babegxadazela njengamadoda anxilileyo, bethetha ngeelwimi, beqhubela phambili. Baze bathi, “Aba bantu bazaliswe yiwayini entsha.”

⁸³ Kodwa uPetros, ephakamile, wathi, “Madoda bazalwana, aba bantu abazaliswanga yiwayini entsha, kuba iselilixa lesithathu lemini. Oku koko kwathethwayo ngomprofethi uYoweli, ‘Kuyakuthi ngemihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiwuthulule uMoya waM phezu kwayo yonke inyama; oonyana benu neentombi zenu ziprofethe; ndaye phezu kwabakhonzi nabakhonzazana baM ndiyakuwuthulula uMoya waM. Ndiyakubonakalisa imiqondiso emazulwini phezulu, nasemhlabeni phantsi; umlilo, iintsika zomlilo, intshinyela yomsi. Kuyakuthi, phambi kokuba kufike imini enkulu eyoyikekayo yeNkosi, ukuba wonke oyakubiza eGameni leNkosi uyakusindiswa.”

⁸⁴ Bathi bakukuva oku, bahlabeka entliziyweni yabo, bathi, “Madoda bazalwana, sithini na?”

⁸⁵ UPetros wathi, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni nakuzo zonke izizukulwana ezizayo.” Ngoku siyifumene loo nto.

⁸⁶ Ngoku sifuna ukufumanisa ukuba *singena* kanjani na kuYe. Singena kanjani kule ndawo yokukhonza? Ama-I Korinte 12 ayakulungisa oko, “NgaMoya mnye!” Hayi ngabandla linye, hayi ngamgaqo mnye, hayi ngamfundisi mnye, hayi ngabhishophu mnye, hayi ngampriste mnye. Koko, “NgaMoya oyiNgcwele mnye sibhaptizelwe sonke Mzimbeni mnye,” lowo ungokaYesu Kristu, kwaye sinelungelo kuso sonke isipho esikulo Mzimba. Ewe, mhlekazi! Hayi ukujoyina, hayi ukucengeceleza imigaqo, hayi ukuzivuselela, nokuyekelela, nokubamba izandla, okanye nantoni na enye. Koko, ngokuZalwa sibhaptizelwa eMzimbeni kaYesu Kristu! Amen. “NgaMoya uyiNgcwele mnye sibhaptizelwe Mzimbeni mnye.”

⁸⁷ Uyintoni ke loo Mzimba? “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu.” Singakuwo njani

loo Mzimba size silikhanyele iLizwi elinye laLo, okanye siLibeke ecaleni kwindawo ethile engekho nokubakho eMzimbeni? Singaze sikwenze njani oko? Indawo enyuliweyo kaThixo!

⁸⁸ Qaphela, kwaye xa ubhaptizelwe kuYe ngokwenene, ubungqina benyaniso kukuba uyakholwa kuYe, uLizwi.

Ungayinxalene yaKhe njani uze uMkhanyele? Ndingasikhanyela njani isandla sam ukuba sisandla sam? Ukuba kukho... Ukuba ndiyakwenza oko, ikho into engundonakele engqondweni yam. Kwaye ndingathini? Ukuba kukho into engalunganga engqondweni yam, ndikhanyele ukuba sisandla sam esi, ndikhanyele ukuba lunyawo lwam olu, kukho into engundonakele ngokoMoya kwikhoholwa eliyakulikhanyela naliphi na iLizwi likaThixo awakhe walithetha walithembisa. Kukho into engundonakele engqondweni ngeloo kholwa libizwa ngokuba likholwa.

⁸⁹ Awunako ukukhanyela nonobumba omnye waKhe, ngokuba wenziwe wayinxenye yoko. Uyinxenye yaKhe ngokuba ubhaptizelwe kuYe; ngoMoya oyiNgcwele othe wakungenisa eMzimbeni kaYesu Kristu. Yinto entle kanjani leyo!

⁹⁰ UThixo wayenayo indawo awahlangana—Awahlangana kuyo no-Abraham, waza apho u-Abraham wamnqula. Konke ke ukuhla kwiTestamente!

Kwaye iLizwi laKhe ledinga liya kucaciswa kuwe, nguYe. Uyiqondile loo nto? ILizwi elo Walithembisayo ukuba uyakulizalisekisa kulo mhla uphila kuwo, uyakuba yincwadi ebhalwe nguThixo, efundwa ngabantu bonke. Hayi oko ukubangayo, koko oko uThixo akwenzayo ngawe, kuyakuthetha ngelizwi eliphezulu kunayo nantoni na oyibangayo. UThixo wathi, “Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo.” Yiyo ethethayo ngawe.

⁹¹ Wayethetha ngesi sigaba, into eyakwenzeka ngoku. Amakhoholwa esi sigaba afanelwe kukukholwa Oku, into Awathembisa ngayo esenzela unamhlanje. Kanye into enye kunokuba babemelwe kukungena enqanaweni, ukuze basindiswe; baphume eYiphutha ukuze basindiswe; bamelwe ukuba bangene kuKristu, ukuze basindiswe ngoku, bangene eLizwini loMyalezo, wokuba unguYe izolo, namhla, nangonaphakade.

⁹² Ungena kanjani ke kuwo? NgoBhaptizo! UBhaptizo lwantoni, amanzi? NgoMoya oyiNgcwele! “NgaMoya Mnye, sibhaptizelwe kulo Mzimba mnye.”

⁹³ NangeLizwi laKhe lesithembiso, akasokuze... Awunakuze kufuneke uLitolike. NguYe oLitolikayo ngawe; ngento oyenzayo, into Awathembisa ukuba uyakuyenza. IBandla eliMlandelayo liYakufana naye kangako bade abantu bazi.

Khangela kuPetros noYohane ngethuba babebuzwa ngenxa yokuphilisa umntu kwisango ekuthiwa leLihle. Bathi, “Baqonda,” abo babingeleli baqonda, “ukuba babenako kokubini ukungazi bengamadoda angafundanga,” kodwa baqaphela ukuba babenaye uYesu. Ngenxa, (yokuba?) babesenza izinto Awazenzayo.

⁹⁴ Umelwe kukuba abe semsebenzini kaBawo. Nanamhlanje ke kunyanzelekile ukuba ibe yinto enye.

⁹⁵ Ngoku, khumbula, nguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade; kuba uThixo uhlangana nawe kuYe, indawo ekuphela kwayo ekhoyo; kuba kulapho apho Anyule ukulibeka khona iGama laKhe, kuYesu. U“Yesu” liGama likaThixo. Khumbula ukuba, uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele, zizihloko ezisingise kwiGama “uYesu Kristu.”

⁹⁶ Ngethuba uMateyu wayesithi, “Hambani ngoko, nifundise zonke iintlanga, nibabhaptizela eGameni loYise, loNyana, loMoya oyiNgcwele.”

Indlela le ekuthe kwacaciswa ngekungokuko namhlanje oko, baze bathi, “Egameni likaYise, egameni loNyana, egameni loMoya oyiNgcwele.” Akubhalwanga nokubhalwa oko. Kuse, “eGameni, elinye,” likaYise, “Nyana, Moya oyiNgcwele.” *UYise* asilogama, *uNyana* asilogama, *uMoya oyiNgcwele* asilogama; sisihloko.

Kwintsuku ezilishumi emva koko, uPetros wema wathi, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.” Ngoko ke ngaba wenza into Awayengazange amxelele yona ukuba ayenze? Wenza oko Wayemxelele ukuba enze kona. IGama loYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele yi“Nkosi uYesu Kristu.” Wonke umntu kwiTestamente eNtsha wabhaptizwa eGameni leNkosi uYesu Kristu.

⁹⁷ Akukho namnye umntu eBhayibhileni owakhe wabhaptizelwa kwizihloko uYise, uNyana, uMoya oyiNgcwele. Loo nto ayizange ikhe ibekho kwade kwakumgaqo waseNicea eNicea, eRoma. Yayingumgaqo webandla lobuKatolika, ayakufumanisa, ukuba ingqina kwaloo nto, kwincwadi yabo efundisa ngenkolo. Ndinayo, injalo loo nto, *Izizathu Zokholo Lwethu*, nezinto ezinjalo, ukuba loo nto ngokupheleleyo ngumgaqo-mfundiso wobuKatolika baseRoma. Bayakukuxelela ukuba ayikho eBhayibhileni; kodwa ke bathi banalo igunya lokuwaguqula loo Magama, ukuba banqwenela ukwenza oko ngenxa kapopu. Ndichasene noko.

UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. “Kwaye nabani na oyakuthabatha igama elinye alisuse kule Bhayibhile” watsho uYesu, “okanye afakele igama elinye kuyo, isabelo sakhe, siya kususwa eNcwadini yoBomi.” IGama elinye; hayi isivakalisi, okanye isiqendwana, koko iGama! “Lo uyakuthi asuse iGama elinye. . .”

⁹⁸ Ekuqalekeni, uThixo wabanqabisa abantu baKhe ngeLizwi laKhe. IGama elinye, eliziswe ngendlela engeyiyo, lenza konke ukufa okukhoyo, yonke intlungu. U-Eva, akazange aphule sivakalisi; waphula iGama. Kwathi ukufika kukaYesu embindini weNcwadi. . . Yayiyinto yokuqala yeNcwadi leyo.

Wathi uYesu akufika embindini weNcwadi, wathini Yena? “Kubhaliwe kwathiwa umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, koko ngaMazwi onke aphuma emlonyeni kaThixo.”

KwiNcwadi eyeyokugqibela, iSityhilelo isahluko se-22, umqolo we-18, eyona ndawo iyeyokugqibela eBhayibhileni, uYesu apho uthetha ngokwaKhe, wathi, “Ndiyangqina ukuba ukuba umntu uyakuthabatha igama libe linye alisuse kule Ncwadi, okanye ongeze iGama libe linye kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi,” ngokuba ungumprofethi wobuxoki kwaye ubalahlekisile abantu, kwaye igazi labo liyakubizwa ezandleni zakhe, ngenxa yokwenza oko.

⁹⁹ Kufuneka siyigcinile loo ndawo inye yokunqula, leyo ke, nguYesu Kristu iLizwi, inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Amen. Kulungile. Khumbula, akukho ndawo yimbi yokuhlangana, akukho nandawo. UThixo waYinyula.

¹⁰⁰ UYohane, phaya emva ekuhlanganisweni kweTestamente eNtsha neNdala. Phulaphulisisa ngoku. Qaphelisisa. UYohane, olwaa khozi lukhulu, lweza lubhabha luvela entlango ngenye imini, amaphiko alo amakhulu evuliwe. Lwachopha phantsi elunxwemeni lweYordane, umprofethi omkhulu olukhozi owenza indlela yokuhlangana phakathi kweTestamente eNdala neNtsha, waze ke wababiza besuka ekunene nasekhohlo. Wayememeza umhla wenguquko.

Nabo ke besiza abaFarisi nabaSadusi; wathi, “Nize ningaqali nithi ngaphakathi kwethu, ‘Thina sinobawo wethu u-Abraham,’ kuba ndiyanixelela ukuba uThixo unako ukumvelisela abantwana u-Abraham kula matye.” Owu, bethu!

Wathi akuqalisa ukuyijula iVangeli yakhe, eyikhupha; Esithi “Kumi Othile phakathi kwenu, eniNgamaziyo. AndikaMkhombi okwangoku, kodwa ndiyakuMazi Akufika. Andifanelekanga nokukhulula isihlangu saKhe. Kodwa Yena uyakunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele noMlilo. Kwaye umnyazi wokwela waKhe usesandleni saKhe; Uyakusicokisa kuphele isanda saKhe, kwaye Uyakuwutshisa umququ ngoMlilo ongacimekiyo.”

¹⁰¹ Olwa khozi lukhulu lweVangeli luhleli apho, lukhonya ezo zoyikiso zalo zikhulu. Kwaze ukungcola kwaphuma, okanye uHerode, owayengukumkani ngeloo xesha, amazisi, watshata umfazi wontakwabo. Kwaye ke unganako ukuqikelela olwaa khozi lukhulu lweVangeli luhleli apho luthule kwinto enjalo?

Abanye babo bathi, “Ungakhe ushumayele ngomtshatho noqhawulo mtshato ngoku, Yohane, kuba nankuya uHerode ehleli phaya.”

¹⁰² Wenyuka ngqo ebusweni bakhe wathi, “Akukho mthethweni ukuba umthabathe.” Injalo loo nto!

Yintoni, yena, yayiyintoni? Wayelolwakhozi luphuma entlango. Wayengaqeqeshwanga phantsi kwezoyikiso zabantu nezothuso, zehlelo elithile. Koko wayeqeqeshwe phantsi kwamandla kaThixo Onamandla onke, ukuze azi ukuba yintoni na eyakuba ilungile. Wayesazi ukuba yintoni na isibonakaliso sikaMesiya.

Haleluya! Elo gama lithetha ukuthi “Makabongwe uThixo wethu!” Musani ukoyika. Andikakhe ndenzakalise mntu okwangoku. Andiphambananga. Ndazi kakuhle apho ndikhoyo.

Owu, ndakucinga ngaye nje, olwa khozi lukhulu lubhabha luphuma apho lwahlala phantsi! Wathi, “NdiyakuMazi Akufika.” Ngenye imini wayemi apho, eshumayela.

¹⁰³ Ababingeleli babephaya ngaphesheya kwelinye icala, bathi, “Uthetha ukuthi kuyakufika ixesha lokuba amadini emihla ngemihla asuswe; letempile inkulu kangaka sayakhayo, nawo wonke umsebenzi esawenzayo, thina hlelo likhulu?”

Wathi, “Kuyakubakho ixesha lokuba konke oko kuphuthiswe.”

“Akunakwenzeka. Ungumprofethi wobuxoki!”

¹⁰⁴ Waze waphunguza. Wathi, “Yabonani, naNkuya! Nantso indawo kaThixo enyuliweyo yokunqula. Nantso iMvana, iMvana eyinene ethabatha isuse isono sehlabathi.” Akazange athi, “Nanku umWisile esiza, nanku umBhaptizi esiza, okanye umKatolika.” Wathi, “Nantso iMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi.”

Indawo ekuphela kwayo yokhuseleko ekhoyo ikuloo Mvana kaThixo. LukuYo kuphela usindiso; alukho nakwiliphi na ibandla, nakuwuphi na umgaqo, nakubaphi na abantu, nakuwuphi na u-father, nawuphi na u-mother, nayiphi na indoda engcwele, okanye nantoni na, indawo engcwele. LukuThixo oNgcwele, iNkosi uYesu Kristu, apho uThixo alibeke khona iGama laKhe emntwini, esenzela ukuhlangula, Owalihlawulayo ixabiso ngenxa yethu boni. Kukulo ndawo kuphela apho lukhoyo usindiso. Nalo iLiwa endimi phezu kwalo.

UYohane waMqondakalisa. Wathi, “BendingaMazi nam ngoku bendiMbona enyuka esiza, kodwa phaya phandle apho ndayifumana khona imfundo yam. . .” Hayi kwiziko lemfundo njengokuba wenzayo uyise; hayi njengabingeleli, eqeqeshiwe. Kodwa kwakusentlango, apho wayekhona kwindawo

yokufundisa ezakwalizwi kaThixo onamandla Onke, elindele iLizwi likaThixo; hayi into yeqela elithile lamadoda elithe layivelisa, koko oko kuthethwe nguThixo ngaloo Nto. Waze wathi uYohane akukhangela wambona uMoya esiza, wathi, “Ndiyangqina ukuba, nguYe lo.” Owu, bethu!

Nantso iNdawo yakho yokunqula. Nantso indawo yakho yokuzifihla. Nantso iMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi. Hayi inkonzo ethile, hayi umgaqo, okanye nantoni na eyenye, koko iMvana kaThixo ethabatha isuse isono sehlabathi.

¹⁰⁶ Uyayibona indlela awayibeka ngayo uYohane? Akazange athi, “Nina baFarisi nilungile, nina baSadusi, nina maHerode.” Wathi, “Nantso iMvana.” Yiyo leyo ke indawo. Unalo iGama. UnguYe. Akukho limbi iGama phantsi kwaMazulu!

¹⁰⁷ Khangela into uYesu awayithethayo ngoYohane ngoku. Ngenye imini uYohane wathumela kuYe, ukuze babone ukuba Wayesenza ntoni na. UYesu wathi ngaye, “Wayekoko kukhanya kukhulu kukhanyayo,” ukuze ababonise indlela abafanelwe kukuyilandela phambi kokufika kwaKhe, ukufika kwaKhe kokuqala. Phulaphulisisa. Musa ukuyiphosa. UYesu wathi, “uYohane wayekokokuKhanya.” UMalaki 3, akukho mpazamo! Umprofethi onokuKhanya okukhulu okubengezelayo wabonakalalisa uYesu enguye kuphela, “iMvana.” Zonke ezinye izimvu ababingeleli ababethetha ngazo, nazo zonke ezinye izinto, zazibubudenge. Yayiyo le “iMvana!” Indoda enokuKhanya okukhulu okubengezelayo eyathi. . . UYesu wathi wayeyiyo.

UMalaki 3 watsho, “Ndiyakuthuma uMthunywa waM phambi kobuso baM ukuze alungise indlela.” Lo ke wayethunywe ukuba alungise indlela, waMqondakalisa eyiyo indawo. “NguYe lowo! Akukho mpazamo. NguYe lowo! Ndiyawubona umqondiso uMlandela. Ndiyazi ukuba nguYe lowo; ukuKhanya kuyehla kuvela eZulwini kuhlale phezu kwaKhe.” Wayeqinisekile, ukuba yayinguYe lowo.

¹⁰⁸ Ngoko ke, mzalwana wam, ndifuna ukukubuza into, xa ndivala. Sisenokukuthetha oku. KuMalaki 4, asithenjiswa kanaanalo ngolunye ukhozi, iNtsika yokukhanya eyakululandela, ibonise ibandla elilahlekayo namhlanje ukuba UngamaHebhere 13:8, “inguye izolo, namhla, nangonaphakade”? Asifanelanga ukuba sibe nomnye oyakubhabha ephuma entlango? Amen! YiNyaniso kanye leyo. Ulingana efaneleke kanjani uLuka 17:30, apho uNyana womntu (uKhozi) ayakuZityhila ukuze aphuthise zonke ezinye iindawo zokunqula, ezinjengamahlelo nezinto ezinjalo!

UThixo wayinyula indawo yaKhe. Wathi uYohane, “YiYo leyo!”

¹⁰⁹ Kwaye ke sithenjiswa kwa into enye kulo mhla, uMalaki 4, “Ukuze abuyisele iintliziyo zabantwana emva,” ukuze atsho ukuthi Akafanga, ezi zinto asizozesinye isigaba; ubhaptizo eGameni likaYesu lalingelolaphaya kudala, koko isenguYe ngoku. Amen. Ukuza kuphuthisa zonke ezinye iindawo zokunqula, yiloo nto ezakwenziwa lukhozi lomhla wokugqibela, ukubonakalisa ukuba zonke ezinye izinto ezi zibubudenge, ubuhlelo bubudenge, kodwa ukuze abakhombise kwakhona ngomqondiso omnye awawenzayo, ukuba isenguYe izolo, namhla, nangonaphakade. Haleluya!

¹¹⁰ Ngokunjalo, kwiSityhilelo 4:7 sibe neZilwanyana ezine esisandula ukugqiba ngazo.

Esokuqala esasikho, sifumanisa ukuba, yayiyinyama. YayisiSilwanyana esaphuma ukuya kuhlangabezana naloo mini, iNkonyama yeSizwe sakwaYuda.

Emva kwaYo kwalandela iSilwanyana esilandelayo. Kwaye sifumanisa ukuba, iSilwanyana esilandelayo yayiyinkabi yenkomo, silwanyana eso esisesomthwalo, idini. Ngemihla yeentsuku zendlu yecawa kabhishophu waseRoma, ibandla lafa laphela; idini.

Into elandelayo, yaba ngumntu, yayisiSilwanyana esinobuso obufana nobomntu. Loo mntu ke yayingabahlaziyi, imfundo yabantu, imfundo yezakwalizwi, nezinto ezinjalo.

Kodwa iSilwanyana sokugqibela sasizakubhabha, iSilwanyana sokugqibela esasizakuza, iBhayibhile yathi yayilukhozi luphaphazela. Haleluya! Umprofethi ke wathi, kulo mhla, “Kuyakubakho ukuKhanya.” Owu, bethu! “Ngaloo mhla kuyakubakho ukuKhanya.”

¹¹¹ Bekukho umhla wabahlaziyi. Bekukho umhla obusisithunzi, ongenakuwubiza ngokuba yimini okanye ubusuku. Kodwa kuyakuthi ngexa langokuhlwa, ngexa loKhozi:

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa loKhozi,
Indlela eya eBuqaqawulini ngenene
niyakuyifumana;
Endleni yamanzi ekukuKhanya namhlanje,
Ningcwatywe eGameni elinoyolo likaYesu.
Badala nani lutsha, guqukani ezonweni zenu zonke,
UMoya oyiNgcwele ngenene wonibhaptizela
phakathi;
Kuba iZibane zangokuhlwa zifikile,
Yinyaniso ukuba uThixo noKristu Mnye.

¹¹² Amen! Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa, indawo ekuphela kwayo kaThixo yokunqula. Owu, uze entwenini loMyalezo, uza kwenza ntoni yena? Kwaye kuyakuthi ngomhla wakhe kubekho ukuKhanya ngexa

langokuhlwa, nantoni (enye?) Ukwamkela abantwana baKhe ababuyela ekhaya ebasa kwiLizwe lokwenene leDinga, kwangomqondiso omnye weNtsika yoMlilo eyakhokela abantwana bakaSirayeli ibakhupha entlango.

INDAWO kaThixo enyuliweyo yokunqula, uYesu Kristu. “Nantso kuphela indawo ekhoyo.” Nalo kuphela iGama uThixo analo losindiso. Yiloo nto aluthiye ngalo usapho oluseZulwini, ngoku lisehlabeni, nguYesu Kristu.

¹¹³ Owu bandla, Owu bantu, mhlobo ongumoni, musa ukuthembela nakweyiphi na enye into koko kuYesu Kristu. Musa ukuthembela nakuwuphi na umshumayeli. Musa ukuthembela nakuwuphi na omnye umntu ukuba akusindise. Musa ukuthembela nakuyiphi na inkonzo, nakuwuphi na umgaqo, nakuliphi na ihlelo. Thembela kuphela kuYesu Kristu, kuba nguYe ukuKhanya kwale yure.

Masithobe iintloko zethu.

Kuyakubakho ukuKhanya ngexa
langokuhlwa,
Indlela eya eBuqaqawulini ngenene
niyakuyifumana;
Endleni yamanzi ekukuKhanya namhlanje,
Ningewatywe eGameni elinoyolo likaYesu.
Badala nani lutsha, guqukani ezonweni zenu
zonke,
UMoya oyiNgcwele ngenene
wonibhaptizela phakathi;
Kuba iZibane zangokuhlwa zifikile,
Yinyaniso ukuba uThixo noKristu Mnye.

¹¹⁴ Owu, mzalwana, dade, ukuba awukaguquki nangoku, ukuba awukabhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, ungasenza eso siqalo ngokuhlwanje. Ungamnika uThixo ithuba lokuba akwamkelele kwindawo apho unako ukuMnqula khona? Khumbula, ngaphandle phaya, akukho ndawo uThixo athembise ukuba uyakuhlangana nawe kuyo alwamkele unqulo lwakho.

¹¹⁵ Uthi ke, “Mzalwan’uBranham, ndinqula ngendlela enyaniseke kakhulu!” NoKayin wayesenza njalo. Wenza zonke iintlobo zomnikelo kanye njengokuba wayesenza u-Abheli, kodwa yayingumnikelo ophosakeleyo. Usenako ukuya enkonzweni, uzihlawule izishumi zakho, uyenze yonke indima yakho njengokuba uMkristu efanelwe kukwenza, unyaniseke njengayo nayiphi na indoda okanye umfazi.

Ndime apha isithuba samashumi amathathu eminyaka, ndijikeleza kwesi sixeko silapha, ndikhwaza loMyalezo mnye. Ndiyaguga. Andinakuba nani ithuba elide. Kodwa khumbulani, ngomhla woMgwebo, ilizwi lam lishicilelwe, kwaye liyakuthetha ngokuchasene nani.

¹¹⁶ Inye kuphela iNdawo athe uThixo walibeka kuyo iGama laKhe, loo ndawo ke akukho bandleni lithile, koko kukuYesu. Inye kuphela ke iNdawo yokunqula, inye kuphela iNdawo owamkelwa kuyo, loo ndawo ke ikulowo uThandiweyo, uYesu Kristu. “Akukho Gama limbi phantsi kweZulu, elinikiweyo phakathi kwabantu, esinokusindiswa ngalo,” hayi inkonzo, hayi umgaqo, hayi nantoni na. NguYesu Kristu!

Yiloo nto ke emelwe kukuba nguMyalezo wale yure, “Ukubuyisela iintliziyi zabantwana, emva kukholo olwanikelwa abangcwele kwabakanye.” Awunakulamkela ngokuhlwanje?

Ngoku ke sisazithobileyo iintloko zethu.

¹¹⁷ Abo bayakuthanda ukukhunjulwa emthandazweni, siphakamise nje isandla sakho. Asinakho ukubizela ngaphambili, ngokuba sibaninzi kakhulu. UThixo akusikelele. Owu! Ngasekunxele kum, ndiyaqikelela ukuba kukho amakhulu amathathu.

¹¹⁸ Ngoku ekunene kwam, ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, “Ndifuna ukukhunjulwa.” Ndiyaqikelela ukuba kukho ikhulu elinamashumi amahlanu, nangaphezulu, ekunene kum.

Sinomnquba phaya ezantsi onequla elikhulu lamanzi; umlungiseleli, umlungiseleli olunge kunene, uMzalwana u-Orman Neville, nabancedisana naye, namadoda ajikeleze apha owabonayo nohlangana nawo. Yonke imihla, ubusuku ngabunye, iyure nganye, abantu abafuna ukubhaptizwa, abaguqukileyo, asoloko ebalindile. Kwaye ukuba uyawuthobela loo myalelo, unokuqiniseka, ngesithembiso sikaThixo, ukuba unyanisekile entliziyweni yakho, ungalwamkela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele.

¹¹⁹ Inye kuphela indawo yokunqula. Ngoku, loo ndawo ayikho Mnqubeni. IkuKristu. Singena kanjani ke kuYe? “NgaMoya mnye sabhaptizelwa kulo Mzimba mnye.”

Masithandaze.

¹²⁰ Thixo Othandekayo, njengokuba zinyukile ezi zandla, zibonakalisa into ngaphantsi kweso sandla entliziyweni, ukuhlabeka kokuba bayaludinga ngenene uncedo oluphuma kuWe. Ndithandazela mntu ngamnye kubo, Bawo. Kwaye ndiza kucaphula iLizwi laKho. Wathi Wena, “Lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade, akezi ekuGwetyweni; koko uphume ekufeni wangena eBomini.”

Bawo, ndimkile okweveki ezimbalwa esixekweni, ndaza ndabuyela, ndabuza, “Malunga nalo?”

“Kutheni, umkile.”

“Ke, nithini ngo...?”

“Akasekho.”

¹²¹ Thixo Othandekayo, sibizwa ngabanye ngabanye, kufanele sihlangele noloo bizo lokuhla umfula wethunzi lokufa ngabanye ngabanye. Kwaye kusimele sonke ngabanye, njengabantu ababhuhayo. Kodwa, ngokuhlwanje, Wena usinike uluhlu lwaKho, lokuba ukuba singakholwa kuYe sibhaptizwe eGameni laKhe, ukuba Uyakusingenisa. Nakuloo Mzimba, uMzimba kaKristu, hayi ebandleni; koko eMzimbeni kaKristu, loo Mzimba sele ugwetyiwe. Awusayi kufanela ukuba uye emGwebeni. UThixo wawukhuphela waphuma umsindo waKhe kuloo Mzimba, loo Mzimba ke ukhululekile kwisono; ukuba, kuYe ke, kusibeka sikhululekile esonweni, ngeNtlawulelo yaKhe lowo wasifelayo. Apho sinobudlelane omnye nomnye, ngethuba iGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, lisigcina sihlambulukile kuso sonke isono nokungcoliseka.

¹²² Bawo, Thixo, ndiyathandaza ukuba Uthabathe ngamnye kubo umngenise ebuKumkanini baKho. Siphe oko, Thixo. Kwanga akunakubakho namnye kubo ulahlekayo; kwanga akunakubakho nkwenkwe okanye intombazana, indoda okanye umfazi. Nkosi, abanye babantu bakuthi kanye bahleli apha, ngokuhlwanje, abangaphandle kweloo Gazi. Indlela endiwakhumbula ngokuthe gca ngayo amazwi katata! Kwaye ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuze kungabikho namnye kubo oyakulahleka. Siphe oko, Nkosi. Ndiyakholwa kuWe ngoku, ngako konke endinokukholwa ngako.

¹²³ Hamba phezu kwabazalwana bam, oodade, izihlobo zam ezilapha kule ndawo ngokuhlwanje naphaya ngaphandle ngomnxeba. Kwizizwe ezahlukeneyo eziphulaphuleyo, konke ukusukela kuNxweme lwaseMpuma ukuya eNtshona. Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, ukuya emazantsi ukunqumla iintlango phaya e-Tucson, ukuwelela ngaphaya e-California, ukunyuka ukuya eNevada nase-Idaho, ukuhla ukuya ngaphesheya eMpuma najikelele, emazantsi e-Texas; ngoku esi simemo sisenziwayo, abantu be—behleli kwinkonzwana ezincinci, kwigaraji, emakhaya, bephulaphule. Owu Thixo, yanga loo ndoda okanye umfazi olahlekileyo, inkwenkwe okanye intombazana, ngale yure ingeza kuWe. Siphe oko khona ngoku. Sikucela eGameni likaYesu, ukuba babe nokuyifumana le ndawo yokhuseleko ngoku kuselithuba.

Ngeli thuba, siyabona ukuba umbhalo useludongeni, ihlabathi liba neenzingo, ixesha lokukhululwa lisemnyango. Inxalenye yesizwe sethu iyazika, elinye icala liyagquma lidubula ziinyikima, njengokuba uYesu wathembisa ukuba kuyakuba njalo. Makungabi lithuba elide kubo, Nkosi. Bangangalamele ngoku, ngokuba sibazisa kuWe njengeembasa zale nkonzo, zeVangeli, eGameni likaYesu. Amen.

124 Niyakholwa kuYe? UThixo anisikelele. Bangaphi abakholwayo ukuba yiNyaniso leyo, ekunxele kum, phakamisa isandla sakho. Bangaphi ngasekunene, phakamisa isandla sakho. UThixo ngokuba akusikelele. Kude kangangoko ndinako ukubona, wonke umntu. YiNyaniso leyo, zihlobo. UThixo uyazi ukuba yinyaniso.

125 Ngoku sisekuYe, kuYe ke, unalo ilungelo kwinto yonke Awayifelayo. Yintoni ke Awayifelayo? “Uhlatywe ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube phezu kwaKhe, siphiliswe ngemivumbo yaKhe.” Niyakholwa koko? Niyakholwa kwisibonelelo saKhe sempiliso ngoku?

126 Ingaba bakho abagulayo phakathi kwethu? Mabaphakamise izandla zabo, ekunene nokuba kusekhohlo. Izihlwele ezikhulu zabagulayo. Andinakuwubiza umgca. 'Yabona, andinako... aninakuza apha eqongeni. Akukho ndlela sinokukwenza ngayo oko.

Banazo iinkonzo zokuthandazela ngaphaya kwezinye iindawo, ukwenzela abagulayo, emabandleni nakwizinto ezinjalo, ezantsi phaya eMnqubeni.

Ndizakunibuza into. Bangaphi abakholwayo apha? Phakamisani izandla. Kulungile. Ndiza kunicaphulela iLizwi, elinguKristu. Umyalelo wokugqibela kaYesu kwihlabathi, nakwiBandla, gxebe, Wathi wathetha oku, “Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo; ukuba bathe babeka izandla phezu kwemilwelwe, iyakuphiliswa.” Bangaphi abaziyo ukuba yinyaniso leyo, uMarko 16, yithani, “Amen.” [Ibandla liyaphendula “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Ndiyakucela wena njengekholwa ukuba ubeke isandla kumntu othile ophambi kwakho. Beka nje izandla zakho kumntu othile ophambi kwakho, ukuze ke ngoko sithandaze sonke ngabanye sithandazelane ngoku. Beka izandla zakho kumntu okufutshane kuwe.

127 Nkosi, apha phambi kwam kukho ibhokisi yeetshefu, neziqwegana ezincinci zempahla; kukho umama othile omdala okwindawo ethile, ofayo, usana olukufuphi ekufeni, abantu abagulayo kwindawo zonke. Sifunda eBhayibhileni ukuba bathabatha besusa kumzimba kaPawulos iitshefu nemibhinqo, zaza zabekwa kubantu abagulayo; imimoya engcolileyo, nomoya abakhohlakeleyo, nokufa, nezifo, zemka kwabo bantu. Ngoku, Nkosi, siyazi ukuba asinguye uPawulos oNgcwele thina, kodwa siyazi ukuba Wena usenguYe uYesu, iNdawo ekuphela kwayo ebonelelwe nguThixo yokunqula. Ngoku ke, namhlanje, aba bantu baluvumile ukhohlo lwabo olunye, lokuba bakholwa njengokuba babekholwa abaya abantu. Ngokuqinisekileyo unayo indlela oyenzele bona! Ndaye ndibeka izandla zam phezu kwezi tshefu ndicela ukuba

izifo neembandezelo ziyishiye loo mizimba yabo bantu eziyakuthi ezi zinto zibekwe phezu kwabo eGameni likaYesu Kristu.

¹²⁸ Ngoku, sifundiswa, ukuba njengokuba uSirayeli wayephuma eYiphutha, esemgceni wokusebenza, babesendleleni eya kwizwe ledinga. ULwandle oluBomvu lwema endleleni yabo. Waza uThixo wakhangela ezantsi ngaphaya kweNtsika yoMlilo, lwaze ulwandle loyika, lwafinyelela emva, lwamyeka uSirayeli ukuba edlulele kwilizwe ledinga. Owu Thixo, khangela phantsi ngaphaya kweGazi likaYesu, ngokuhlwanje, kwaye kwanga ukugula kungabayela umva, uSathana abe nokukhutshwa. Baze abantu abaninzi badlulele kwelo dinga lempilo eyiyo nokomelela, awathi uThixo, “Ngaphezu kwako konke, ndithanda ukuba niphumelele ngokwasempilweni.”

¹²⁹ Ngoku njengokuba Wena ubona, Nkosi Yesu, izandla zaba bantu zibekwe omnye komnye, babonakalalisa ukhoho lwabo kuWe, ukuba wathi, “Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo.” Bathandaza ngendlela yabo, bethandazelana. Umntu olandelayo uthandazela omnye.

¹³⁰ Ngoku, Nkosi, esi simemelelo sesihlangatyeziwe, sokuba uSathana, umkhohlisi omkhulu, akanalungelo lakubamba abantwana bakaThixo. Uyinto eyoyisiweyo. UYesu Kristu, indawo ekuphela kwayo yokunqula, iGama ekuphela kwalo eliyinene, lamoyisa eKalvari. Saye siyalibanga iGazi laKhe khona ngoku, ukuba Wakoyisa konke ukugula, sonke isifo.

Ndaye ndibiza ukuba uSathana asishiye esi sihlwele. EGameni likaYesu Kristu, aphume kwaba bantu benziwe bakhululeke.

¹³¹ Wonke umntu oyamkelayo impiliso yakhe phezu kwesiseko seLizwi elibhaliweyo, yenza ubungqina bakho ngokuma ngeenyawo zakho uthi, “Ngoku ndiyayamkela impiliso yam eGameni likaYesu Kristu.” Phakama ume ngeenyawo.

Makabongwe uThixo! Nantso ke. Khangelani ngapha, iziqhwala nayo yonke into ziyaphakama. Makabongwe uThixo. Nantso ke. Kholwa kuphela. Ulapha. Kumangalisa kakhulu!

¹³² Phaya phakathi esihlweleni, ngaphandle, kweli cala lingasezingcingweni, ungabona nje! Ndinga ukuba wonke umntu olapha, ekwazini kwam, okanye uninzi lwabo, lumi ngeenyawo ngeli xesha. Owu, lixesha elimnandi kanjani! Ubukho beNkosi, yiloo nto! “Apho bukho khona uBukho beNkosi, kukho inkululeko, kukho ukukhululeka.” UMoya kaThixo uyakhulula.

¹³³ Ngoku ngenxa yokuba Esiphilisile, siyakholwa koko. Usisindisile; siyakholwa koko. Abo bafuna ukubhaptizwa, iqula selilungile. Naxesha nini, nangeyiphi na iyure ofuna ukuza ngayo, kuya kukho umntu okhoyo oyakukukhathalela.

Ngoku ke, ndicinga ukuba, phambi kokuba sivale, sifanele ukuba sicule iculo elidala lenkonzo. “NdiyaMthanda, NdiyaMthanda ngokuba Wandithanda kuqala.” Phakamisa izandla zakho uziphakamisele kuThixo ulicule ngentliziyo yakho yonke!

Sifuna ukuba sihlangane nawe, nge-9:30, kusasa, kwakwesi sakhiwo sinye, size kuphulaphula ingongoma yo*Mtshato noQhawulo mtshato*. Kulungile.

Masilicule kunye ngoku.

NdiyaMthanda,

Makhe sicule esi sihlwele sikhulu ngoku! Phaya ezantsi ezingcingweni, culani nani.

Ngokuba Wandithanda kuqala
Watheng’usindiso lwam
EKalvari.

¹³⁴ Yenzeka phi loo nto? EKalvari emthini. Ngoku sisaliculayo kwakhona, ndifuna ukuba ubambe isandla somntu othile okufutshane kuwe, uthi, “UTHixo akusikelele, mhambi.”

Ndi . . .

[UMzalwana uBranham ubambana izandla
nabazalwana—Mhl.]

Ngokuba Wandithanda . . .
Watheng’usindiso lwam
E . . .

¹³⁵ Owu, aniMthandi? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Akamangalisi? [“Amen.”] Ingaba UyiNdawo yakho yokuZimela? [“Amen.”] UliLiwa kumhlaba wokudinwa, uMthunzi ngexa loqhwithelo, indawo ekuphela kwayo yoKhuseleko endiyaziyo. Ngoko ke:


Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Mvana yeKalvari,
Msindisi oNgewele;
Ngoku ndive ndithandaza,
Susa ityala lam,
Kususela namhla
Mandibe ngowaKho!

Masiphakamise izandla zethu njengokuba silicula.

Lukhangela kuWe ukholo lwam,
Mvana yeKalvari,
Msindisi oNgewele;
Ngoku ndive ndithandaza,
Susa ityala lam,
Kususela namhla mandibe ngowaKho!

Masithobise iintloko zethu ngoku silingqumshela njalo.

Ndisacand'udada,
Lwentlalo enzima,
Ndikhokele;
Susa ubumnyama,
Sula iinyembezi,
Mandingaze ndimke
kuWe ndlela.

Ngoku nizithobisileyo iintloko zenu, umlungiseleli wethu othandekayo, uMzalwana u-Orman Neville uza kusindulula isihlwele. 

*Indawo kaThixo Enyuliweyo Yokunqula, Umq. 4 Inani 3
(God's Chosen Place Of Worship, Vol. 5 No. 7R)*

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi Mgqibelo ngorhatya umhla wama 20 kuFebhali, 1965, Parkview Junior High, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1995 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org